4. **Ukuziqhelisa iimpawu zikanxantathu; ukuziqhelisa 1–4:**

Ungabavumelanga abafundi ukuba bayibone imilo, thatha imilo engunxantathu uyifihle emva kwakho. Abafundi mabaqashele ukuba yeyiphi na imilo. Banike imikhondo, umzekelo: 'Inamacala amathathu kunye nemigca eme nkqo emithathu.'

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Unxantathu wahluke njani kwezinye iimilo eziseklasini? Abafundi bakhangele oonxantathu abali10 abafihlwe eklasini. Bababeka emethini esecaleni kwamakhadi aneesimboli zamanani 1–4.
- ★ Leliphi iqela elinezingaphezu/ngaphantsi?
- ★ Bangaphi oonxantathu abakhoyo kwiqela eliphakathi kuka2 no4?
- ★ Singawenza njani amaqela anesi-3 ukuba abe nenani elilinganayo loonxantathu abakwiqela 4?

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi yesitishi sokusebenzela ngasinye.


INGCEBISO

Beka izikhongozeli kunye neengxowana zeemboty ezinamakhadi anamanani kunye namakhadi anamanani angamagama kwindawo yemathematika.

Usuku 3

Okudingayo

- Ingoma: *Intloko, amagxa, amadolo neenzwane* (iphepha 197)
- 11 iibhloko zamaplanga ezithathwe kwindawo yeebhloko
- (ezimile okukanxantathu, isikwere kunye nesangqa)
- Ithamborini

1. **Song:** Sing *Head, shoulders, knees and toes* with actions.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place two groups of blocks on the mat (seven in one group and four in the other).

Guiding questions:

- ★ How many blocks do you think there are in this group?
- ★ And this one?

Together count the blocks in each group.

- ★ Whose estimation was close?

4. **More, fewer, equal to:** Compare the groups of blocks.

Guiding questions:

- ★ Which group has more/fewer?
- ★ What do we need to do to make the groups equal?

5. **Position – next to, between, underneath:** Give a few learners instructions to place blocks around the classroom using 'next to' and 'between'.

Guiding instructions:

- ★ Place a square-shaped block next to the maths table.
- ★ Place a triangle-shaped block between my chair and the door.

Play the tambourine while all the learners move between the blocks. When the music stops they make groups of four and stand next to each other.

Guiding questions:

- ★ Who is standing next to _____?
- ★ Who is between _____ and _____?

Learners stand one behind the other.

- ★ Who is in front of/behind you?

Learners move to music and make new groups of four.

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.



TIP

Discuss where the learners who don't have a full group of four should go to make full groups. Ask learners for ideas on how to solve this problem.

Day 4

What you need

- Song: *This is the way we make soup* (page 196)
- Shape story and vegetable pictures: *They pulled and they pulled* (page 198)
- A container on the maths table with 8 circle, 8 square and 8 triangle attribute blocks

1. **Song:** Introduce the song, *This is the way we make soup*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.

1. **Ingoma:** Culani *Intloko, amagxa, amadolo neenzwane* ihambe neetshukumo.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka emethini amaqela amabini eebhloko (zibe sixhenxe kwelinye nezine kwelinye).

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi iibhloko ocinga ukuba zikhona kweli qela?
- ★ Kweli lona?

Ninonke balani iibhloko ezikhoyo kwiqela ngalinye.

- ★ Lolukabani uthekelelo olusendeleyo?

4. **Ngaphezulu kune-, mbalwa kune-, lingana ne-:** Thelekisa la maqela eebhloko.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Leliphi iqela elinezingaphezulu/mbalwa kunelinye?
- ★ Kufuneka wenze ntoni ukuze la maqela afane?

5. **Indawo – ecaleni kwe-, phakathi kwe-, ngaphantsi:** Yalela abafundi abambalwa ukuba babeke iibhloko apha eklasini usebenzisa 'ecaleni kwe-' no'phakathi kwe-'.

Imiyalelo ekhokelayo:

- ★ Beka ibhloko emile okwesikwere ecaleni kwetafile yemathematika.
- ★ Beka ibhloko emile okukanxantathu phakathi kwesitulo sam nomnyango.

Dlala inkatshaza ngeli lixa bonke abafundi bahamba-hamba phakathi kweebhloko. Xa uphela umculo mabeme ngokwamaqela. Babe bane kwiqela ngalinye baze beme omnye ecaleni komnye.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ngubani ome ecaleni kuka_____?
- ★ Ngubani ophakathi kuka_____ no_____?

Abafundi bema omnye emva komnye.

- ★ Ngubani ophambi/emva kwakho?

Abafundi bajayivela umculo baze benze amaqela ezine.

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

INGCEBISO

Xoxani ngokuba abafundi abangena maqela apheleleyo ezine mabenze amaqela. Cela iingcebiso zokusombulula le ngxaki kubafundi.

Usuku 4

Okudingayo

- **Ingoma:** *Le yindlela esenza ngayo isuphu* (iphepha 197)
- **Ibali lemilo nemifanekiso yemifuno:** *Baye batsala, batsala* (iphepha 199)
- **Isikhongozeli esisetafileni yemathematika esinezangqa ezi8, izikwere ezi8 kunye neebhloko zeathribhyuthi ezi8 ezinooxantathu**

1. **Ingoma:** Yazisa ingoma, *Le yindlela esenza ngayo isuphu*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.



TIP

Place attribute blocks and vegetable shapes on the maths table for matching.

3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place the vegetable pictures for the story on the mat. Learners estimate and count the number of vegetable pictures that there are.

Guiding questions:

- ★ Have you seen soup being made before?
- ★ Do you notice anything unusual about the shape of these vegetables?

4. **Shape story:** Tell the story using the pictures.

Guiding questions:

- ★ What shape are these vegetables normally?
- ★ Can you think of other vegetables that remind you of a circle/triangle shape?
- ★ Have you ever seen a square-shaped vegetable?
- ★ How many potatoes/carrots are there?
- ★ Are there more carrots or potatoes?

5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 5



TIP

Send a note to parents/caregivers suggesting they make vegetable soup with their children.

What you need

- Song: *This is the way we make soup* (page 196)
- Shape story: *They pulled and they pulled* (page 198)
- Vegetable pictures
- Poster 9
- 1 small toy car
- 1 small cardboard star

1. **Song:** Sing *This is the way we make soup*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Count the seven onion pictures from the story for Day 4.
4. **Shape story:** Together recall the story, showing the vegetable pictures.

Guiding questions:

- ★ Did you notice any vegetables or fruit at home or in the shops yesterday that look like squares, circles or triangles?
- ★ Did you talk to your families about how many vegetables they usually use when they make soup?

Look at examples of vegetable pictures and discuss the shapes.

5. **Directions:** Look at Poster 9. Ask the learners to say what they can see.

Guiding questions:

- ★ What can you see that looks like something you have seen before near your home?
- ★ What do you think this is? (Point to a building on the map.)



INGCEBISO

Beka iibhloko zeathribhyuthi kunye neemilo eziyimifuno phezu kwetafile yemathematika ukuze zitshatiswe.

3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka emethini imifanekiso yemifuno elungiselelwe ibali. Abafundi bathekelela baze babale inani lemifanekiso yemifuno ekhoyo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Wawukhe wayibona isuphu isenziwa?
- ★ Ingaba ikho into engaqhelekanga oyibonayo ngendlela emile ngayo le mifuno?

4. **Ibali leemilo:** Balisa ibali usebenzisa imifanekiso.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Le mifuno idla ngokumila njani?
- ★ Ikhona eminye imifuno oyicingayo emile okwesangqa/okonxantathu?
- ★ Ingaba wawukhe wayibona imifuno emile okwesikwere?
- ★ Zingaphi iitapile/iminqathe ekhoyo?
- ★ Ingaba iminqathe mininzi okanye ziitapile ezininzi?

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi yesitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 5

INGCEBISO

Thumela umyalezo kubazali/kubagcini bantwana ucebise ukuba bapheke isuphu yemifuno bencediswa ngabantwana.

Okudingayo

- Ingoma: *Le yindlela esenza ngayo isuphu* (iphepha 197)
- Ibali leemilo: *Baye batsala, batsala* (iphepha 199)
- Imifanekiso yemifuno
- Ipowusta 9
- 1 imoto encinci yokudlala
- 1 inkwenkwezi encinci yekhadibhodi

1. **Ingoma:** Culani ingoma ethi, *Le yindlela esenza ngayo isuphu*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Bala imifanekiso yamatswele asixhenxe athathwe kwibali loSuku 4.
4. **Ibali leemilo:** Ninonke zikhumbuzeni ngebali, nibonise imifanekiso yemifuno.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba ikhona imifuno okanye iziqhamo eniziqhaphelayo izolo ekhaya okanye ezivenkileni ezifana nezikwere, izangqa okanye oonxantathu?
- ★ Ingaba nithethile neentsapho zenu ngokuba mingaphi imifuno abadla ngokuyisebenzisa xa besenza isuphu?

Jongani imizekelo yemifanekiso yemifino nize nixoxe ngeemilo.

5. **Izalathiso:** Jonga iPowusta 9. Cela abafundi bachaze ukuba babona ntoni.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Yintoni oyibonayo ekhangeleka njengento owawukhe wayibona ngaphambili kufutshane nasekhaya?



- ★ Ucinga ukuba yintoni le? (Yalatha isakhiwo esisemephini.)

Place the toy car where Malusi is standing in the picture and a star on his destination. Learners pretend that Malusi is in the car, and direct you as you move the car.

- ★ What does Malusi see around him?
- ★ Should he go straight here? (Point.)
- ★ Which way should he drive to get to _____?
- ★ What will he see on his way?
- ★ When must he turn?

Repeat this, with different destinations.

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Integration

Home Language and Life Skills: Ask learners to tell their parents/ caregivers the story, *They pulled and they pulled*, discuss how many vegetables they use when they make soup, and to look at the shapes of fruit and vegetables at home and/or in the shops.

Small group activities

Teacher-guided activity

What you need

- A tub for each learner with:
 - Number 1–4 dot, symbol and word cards
 - 7 mixed attribute blocks (excluding rectangles)
 - 4 animal counters

1. **Oral counting 1–15:** Each learner counts from 1–15.
2. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle with their tubs. They each count their 7 attribute blocks.
3. **Practising 1–4:** Guide learners to work with their shapes and number 1–4 symbol and dot cards.

Guiding questions:

- ★ Can you make two groups? One group with four shapes and one group with three shapes?
 - ★ Can you put your matching dot cards and number symbol cards next to these groups?
 - ★ Can you put your hand next to the group that has more/fewer shapes?
 - ★ How can we make these groups equal?
4. **Sorting:** Put all the shapes in a pile in the middle of the mat.

Guiding questions:

- ★ What is the same/different about these shapes?
- ★ What colours do you see?
- ★ How can we sort these shapes?



TIP

Attribute blocks are three-dimensional objects. In Grade R we talk about 'blocks' that 'look like' two-dimensional shapes, such as circles, squares, triangles and rectangles. Remember to focus on the face of the attribute block when talking about a shape.

Beka imoto apho uMalusi ame khona emfanekisweni uze ubeke inkwenkwezi kwindawo aya kuyo. Abafundi benza ngathi uMalusi usemotweni, baze bakwalathise indlela njengokuba uqhuba imoto.

- ★ UMalusi ubona ntoni emjikelezileyo?
- ★ Ingaba kufuneka anqumle ngqo apha? (Yalatha.)
- ★ Ufuneka aqhube phi ukuze afike e_____?
- ★ Uza kubona ntoni endleleni?
- ★ Kufuneka ajike nini?

Kuphinde oku, usebenzisa ezinye iindawo ekuyiwa kuzo.

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi yesitishi sokusebenzela ngasinye.

Udityaniso

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi: Cela abafundi babalisele abazali/abagcini babo ibali, *Baye batsala, batsala*. Xoxani ngokuba basebenzisa imifuno emingaphi xa besenza isuphu, nize nijonge iimilo zeziqhamo nezemifuno ekhoyo ekhaya kunye/okanye ezivenkileni.

Imisebenzi yamaqela amancinci

Umsebenzi okhokelwa ngutitshala

Okudingayo

- Isitya kumfundi ngamnye esiqulethe:
 - 7 iibhloko zeathribhyuthi ezixutyiweyo (ngaphandle kwamaxande)
 - 4 izixhobo zokubala ezizilwanyana

1. **Ukubala ngomlomo 1–15:** Umfundi ngamnye ubala eqala ku1–15.
2. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa nezitya zabo. Emnye kubo ubala iibhloko zeathribhyuthi zakhe ezi7.
3. **Ukuziqhelisa 1–4:** Khokela abafundi ukuze bakwazi ukusebenza ngamakhadi amanani eesimboli namachokoza amanani ka1–4.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba ungakwazi ukwenza amaqela amabini? Iqela elinye libe neemilo ezine lize elinye libe neemilo ezintathu?
 - ★ Ingaba ungawabeka amakhadi anamachokoza akho ahambelanayo kunye namakhadi anesimboli ecaleni kwala maqela?
 - ★ Ingaba ungabeka isandla sakho ecaleni kwegqela elineemilo ezingaphezulu/mbalwa?
 - ★ Singawenza njani la maqela ukuba alingane?
4. **Ukuhlela:** Beka zonke iimilo kwimfumba esembindini wemethi.

Imibuzo ekhokelayo:

 - ★ Ezi milo zifana/zahluka ngantoni?
 - ★ Yeyiphi imibala oyibonayo?
 - ★ Singazihlela njani ezi milo?

INGCEBISO


libhloko zeathribhyuthi zizinto ezineenkangeleko ezintathu. KwiBanga R sithetha 'ngeebhloko' 'ezikhangeleka' njengeemilo ezineenkangeleko ezimbini, njengezangqa, izikwere, oonxantathu kunye neengxande. Khumbula ukugxininisa kubuso bebhloko yeathribhyuthi xa uthetha ngemilo.

5. **Ordering and position – next to, between, underneath using 1–4:**

Learners order number symbol, word and dot cards 1–4.

Guiding questions:

- ★ Can you put your finger on the number next to number 1?
- ★ Is there another number next to 1?
- ★ What number is before/after 3?
- ★ Can you show me the number that is between 1 and 3?
- ★ Can you choose one square to put *underneath* your number 1 dot card?
- ★ How many circles do you need to put *underneath* your number 3 dot card?
- ★ Can you put the right number of triangles *on top of* your number 4 dot card?



6. **Direction and position:** Learners count out four animal counters from their tubs.

Guiding questions:

- ★ Can you make all your animals face forwards towards me?
- ★ Can you put your animals one behind the other facing towards the door?
- ★ Which animal is standing in front of/behind _____?
- ★ Which animal is standing between _____ and _____?
- ★ Can you move the _____ to stand next to the _____?



Check that learners are able to:

- sort according to shapes and colours
- understand the position 'underneath'
- demonstrate an understanding of direction
- count orally 1–15
- count objects 1–7
- order number symbol cards 1–4

Workstation 1

What you need

- Shape page per learner
- Paint or crayons

Learners colour only the triangles on the page.



5. **Ukulandelelanisa kunye nendawo – ecaleni kwe-, phakathi kwe-, ngaphantsi nisebenzisa u1–4:** Abafundi balandelelanisa amakhadi aneesimboli zamanani, anamanani angamagama, nanangamachokoza ka1–4.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ungawubeka umnwe wakho kwinani elisecaleni kwenani u1?
- ★ Ingaba likhona elinye inani elisecaleni kuka1?
- ★ Leliphi inani elingaphambi/ ngasemva kuka3?
- ★ Ungandibonisa inani eliphakathi kuka1 no3?
- ★ Ungakhetha isikwere esinye usibeke *ngaphantsi* kwekhadi lakho elinechokoza lenani u1?
- ★ Zingaphi izangqa ekufuneka uzibeke *ngaphantsi* kwekhadi lakho elinamachokoza enani u3?
- ★ Beka inani elichanekileyo loonxantathu *phezu* kwekhadi lakho elinamachokoza enani u4?



6. **Isalathiso nendawo:** Abafundi babala izixhobo zokubala ezizizilwanyana ezine abazithatha ezityeni zabo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ungazenza zonke izilwanyana zijonge phambili ngakum?
- ★ Ungazibeka izilwanyana zakho esinye emva kwesinye zonke zijonge emnyango?
- ★ Sesiphi isilwanyana esime ngaphambi kwe-/emva kwe_____?
- ★ Sesiphi isilwanyana esime phakathi kwe_____ ne_____?
- ★ Ungayisusa i_____ iyokuma ecaleni kwe_____?



Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku:-

- hlela ngokweemilo nangokwemibala
- qonda indawo ethi 'ngaphantsi'
- bonisa ukuqonda isalathiso
- bala ngomlomo 1–15
- bala izinto 1–7
- landelelanisa amakhadi eesimboli 1–4



Isitishi sokusebenzela 1

Okudingayo

- Iphepha leemilo kumfundi ngamnye
- Ipeyinti okanye iikhrayoni


Abafundi bafaka umbala koonxantathu abasephepheni kuphela.

Workstation 2

What you need

- Carrot A4 template per learner
- An A4 page per learner
- 10 strips for leaves per learner
- Glue

Learners cut out four carrots. They paste them onto the page in order from 1 to 4 and paste the correct number of leaves onto each.



Workstation 3



TIP

You could also use beads/mosaics/polystyrene shape cut-outs from your collections of waste for sorting.

What you need

- Per learner:
 - A sorting tray, for example, egg boxes
 - A tub with a mixture of fruit counters, sticks, Unifix blocks, coloured discs (*Resource Kit*)

Learners sort the objects according to one attribute at a time, for example, colour or shape.



Workstation 4



TIP

Discuss the blocks during snack time, using relevant vocabulary, for example, taller, shorter.

What you need

- Blocks


Learners build with blocks.

Isitishi sokusebenzela 2

Okudingayo

- Ithempleyithi yomnqathe ekuA4 yomfundi ngamnye
- 10 imicu eza kuba ngamagqabi yomfundi ngamnye
- Iphepha elinguA4 lomfundi ngamnye
- Iglu

Abafundi basika iminqathe emine. Bayincamathisela ephepheni ngokulandelelana ukusuka ku1 ukuya ku4 baze bancamathisele inani elilo lamagqabi kuwo ngamnye.



Isitishi sokusebenzela 3

Okudingayo

- Kumfundi ngamnye:
 - Itreyi yokuhlela, umzekelo, iibhokisi zamaqanda
 - Isitya esinezixhobo zokubala ezixubeneyo eziziqhamo, izinti, iibhloko zeUnifix (iKiti yeziXhobo)

Abafundi bahlela izinto ngokwe-athribhyuthi enye ngexesha, umzekelo, umbala okanye imilo.



Isitishi sokusebenzela 4

Okudingayo

- libhloko

Abafundi bakha ngeebhloko.

INGCEBISO

Usenokusebenzisa amaso/imozeyikhi/ iziqwenga zeemilo zepolisterini ezisikwe emaphepheni ezikwingqokelela yakho ethathwe enkunkumeni ukulungiselela ukuhlela.

INGCEBISO

Xoxani ngeebhloko ngexesha lamashwamshwam, nisebenzisa isigama esifanelekileyo, umzekelo, nde kune-, mfutshane kune-.

Content Area Focus: Space and Shape (Geometry)

Topics

- Position, orientation and views
- Describes, sorts and compares 3-D objects

New knowledge

- Sorting 3-D objects: similarities and differences
- One more, one fewer
- Position: above

Practise

- Oral counting 1–15 and 5–1
- Counting objects 1–7
- Number concept 1–4
- Position: underneath, on, in, out
- Shapes: circle, square, triangle
- Twelve-piece puzzles

New maths vocabulary

one fewer

altogether

above

front

back

Getting ready

For the activities this week, you will need to prepare the following:

- a large cardboard circle, square, triangle (big enough for four learners to stand on together)
- 2 small cardboard triangles, squares, circles
- number 3 and 4 dot and symbol cards to add to those in the *Resource Kit* (you need enough for 21 learners)
- create an obstacle course to move an animal counter (from the *Resource Kit*) through (use items such as: boxes, scarves, cardboard tubes and wooden blocks)
- paper cut-outs: circles, squares and triangles of different sizes and colours – approximately 3 per learner
- twelve-piece puzzle (page 221).

Whole class activities

Day 1

What you need

- Rhyme: *Roly Poly* (page 198)
- 1 big ball
- A large cardboard circle, triangle, square
- Poster 11
- Circle-, square-, triangle-shaped objects placed around classroom – 1 per learner
- Attribute blocks (*Resource Kit*)

1. **Rhyme:** Say the rhyme, *Roly Poly*.

INkalo yomXholo ekuGxininiswa kuyo: IsiThuba neMilo (iJiyometri)

Izihloko	Ulwazi olutsha	Ziqhelise
<ul style="list-style-type: none"> • Indawo, ukufumana indawo nembonakalo • Uchaza, uhlela aze athelekise izinto ezingu3-D 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuhlela izinto ezingu3-D: ukufana nokwahluka • Engaphezulu ngenye, embalwa ngenye • Indawo: phezulu 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukubala ngomlomo 1–15 no5–1 • Izinto zokubala 1–7 • Ingqikelelo-manani 1–4 • Indawo: ngaphantsi, phezu kwe-, kwi-, phakathi, phandle • Iimilo: isangqa, isikwere, unxantathu • Iphazili enamaqhekeza alishumi elinambini

Isigama esitsha semathematika

inye ngaphezulu

zizonke

phezulu

phambili

emva

Ukulungela

Kwimisebenzi yale veki, kuza kufuneka ulungise oku kulandelayo:

- imilo enkulu eyenziwe ngeekhadibhodi esisangqa, esisikwere, nengunxantathu (ibe nkulu ngokwaneleyo ukuba abafundi abane bakwazi ukuma kuyo bonke)
- oonxantathu, izikwere, izangqa ezi2 ezincinci ezenziwe ngeekhadibhodi
- amakhadi anamachochiza naneesimboli zamanani u3 no4 uze wongeze kulawo akwi*Kiti yeziXhobo* (alingane abantwana abangama21)
- yenza umzila wemiqobo wokuhambisa izixhobo zokubala ezizilwanyana (ezithathwe kwi*Kiti yeziXhobo*) uze (usebenzise izinto ezifana, neebhokisi, izikhafu, iityhubhu ezenziwe ngeekhadibhodi neebhloko zeplanga)
- iziqwenga zamaphepha: izangqa, izikwere kunye noonxantathu abangalinganiyo ngobukhulu nangemibala – malunga ne3 kumfundi ngamnye
- iphezili enamaqhekeza alishumi elinambini (iphepha 221).

Imisebenzi yeklasini yonke

Usuku 1

Okudingayo	
<ul style="list-style-type: none"> • Isicengcelezo: u<i>Roly Poly</i> (iphepha 199) • 1 ibhola enkulu • Isangqa, unxantathu, isikwere ezikhulu zekhadibhodi • Ipowusta 11 	<ul style="list-style-type: none"> • Izinto ezimile njengesangqa, njengesikwere, nanjengonxantathu zibelwe apha eklasini – e1 kumfundi ngamnye • Iibhloko zeathribhyuthi (<i>iKiti yeziXhobo</i>)

1. **Isicengcelezo:** Yenzani isicengcelezo, u*Roly Poly*.

2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Roll the ball to seven learners one at a time as the class counts 1–7. Repeat a few times with other learners. The learners who have had a turn, clap as you all count together.



4. **Practising shapes; similarities and differences:** Hold up a large cardboard circle, square and triangle. Look at Poster 11.

Guiding questions:

- ★ Where can you see these shapes on this poster?
- ★ Can you think of anything in your home/in the world that reminds you of any of these shapes?

Learners look for circle-, square- or triangle-shaped objects around the classroom. They return to their places on the mat when they have found something.

Compare differences and similarities between their objects. Place the objects in groups in the maths area on top of the cardboard shapes.

5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 2

What you need

- Rhyme: *Roly Poly* (page 198)
- Story: *They pulled and they pulled* (page 198)
- Pictures for story
- 1 big square, 2 circles, 3 big triangles, 4 small triangles – attribute blocks (*Resource Kit*)
- Bag/box
- 7 coloured counters

1. **Rhyme:** Say the rhyme, *Roly Poly*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Count the vegetable pictures from the story *They pulled and they pulled* from Week 3. Look at 7 counters on the mat.

Guiding questions:

- ★ How many counters do you think there are in this group?
- ★ Do you think there are more counters than there are vegetables?

Count and match the counters to the pictures.

2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisanqa. Qengqela ibhola kubafundi abasixhenxe, abemnye ngexesha ngeli lixa iklassi ibalayo 1–7. Kuphinde oku amatyeli ngamatyeli nabanye abafundi. Abafundi abasele benzile, bayaqhwaba ngeli lixa nibalayo nonke.



4. **Ukuziqhelisa iimilo; ukufana nokwahluka:** Phakamisa isangqa, isikwere nonxantathu owenziwe ngekhadibhodi. Jonga kwiPowusta 11.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Uzibona phi ezi milo kule powusta?
- ★ Ikhona into onokuyicinga ekhoyo kowenu/ehlabathini ekukhumbuza ngayo nayiphi na yezi milo?

Abafundi bakhangela izinto ezimile okwesangqa, okwesikwere okanye okukanxantathu ezikhoyo eklassini. Besakube befumene into babuyela ezindaweni zabo emethini.

Thelekisa ukwahluka nokufana phakathi kwezinto zabo. Beka izinto ngokwamaqela kwindawo yemathematika phezu kweemilo ezenziwe ngekhadibhodi.

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 2

Okudingayo

- Isicengcelezo: uRoly Poly (iphepha 199)
- Ibali: Baye batsala, batsala (iphepha 199)
- Imifanekiso elungiselelwe ibali
- 1 isikwere esikhulu, 2 izangqa, 3 oonxantathu abakhulu, 4 oonxantathu abancinci – iibhloko zeathribhyuthi (iKiti yeziXhobo)
- Ingxowa/ibhokisi
- 7 izixhobo zokubala ezimibalabala

1. **Isicengcelezo:** Yenzani isicengcelezo, uRoly Poly.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Babala imifanekiso yemifuno evela ebalini elithi, Baye batsala, batsala eyenziwe kwiVeki 3. Jonga izixhobo zokubala ezi7 ezisemethini.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi izixhobo zokubala ocinga ukuba zikhona kweli qela?
- ★ Ucinga ukuba kukho izixhobo zokubala ezininzi ngaphezu kwemifuno? Bala uze utshatise izixhobo zokubala nemifanekiso.



TIP

Remember that each attribute block is three-dimensional, but the learners are focusing on the surface or face of the object that looks like a circle, square or triangle.

4. **Practising shapes:** Show learners a bag with the attribute blocks in it.

Guiding questions:

- ★ If the objects in the bag have the same shape as the ones in the story, what shapes are they?
- ★ How many squares/circles/triangles should be in the bag?

One learner feels inside the bag. Learners take turns to say, 'It feels like a _____ (circle/square/triangle).'

Learners place the attribute block next to the matching vegetable picture on the maths table.

5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Integration

Home Language and Life Skills: Dramatise the story, *They pulled and they pulled*.

Day 3

What you need

- Song: *If you're holding a square* (page 198)
- 3 containers with 8 circle, 8 square and 8 triangle attribute blocks (*Resource Kit*), as well as 2 cardboard triangles, squares, circles in each



TIP

Oral counting: 1–15 and 5–1 can be done during a transition time.

1. **Song:** Learners stand in a circle. They fetch one shape each from the three containers on the mat. Sing *If you're holding a square*. Learners hold up matching shapes as they sing.
2. **Counting objects 1–7:** Learners organise themselves into three groups: one holding circles, one holding squares and one holding triangles. Give each group a container. They put their shapes on the mat next to the container.
3. **Practising 1–4; more than, fewer than, equal to:** One learner in each group places seven of the group's shapes into the container as the group counts 1 to 7. Learners look at the three shapes on the mat.

Guiding questions:

- ★ How many shapes are on the mat?
- ★ Are there more or fewer than four?
- ★ How many more shapes do you need to make a group of four?
- ★ Can you make another group that has an equal number of shapes to this group?


INGCEBISO

Khumbula ukuba ibhloko yeathribhyuthi nganye ineenkangeleko ezintathu, kodwa abafundi bagxila kwinkangeleko okanye ubuso bento ekhangeleka njengesangqa, isikwere okanye unxantathu.

4. **Ukuziqhelisa neemilo:** Bonisa abafundi ingxowa eneebhloko zeathribhyuthi.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ukuba izinto ezisengxoweni ziyafana neemilo ezisebalini, zeziphi ezo milo?
- ★ Zingaphi izikwere/izangqa/oonxantathu ekufanele zibe sengxoweni?

Umfundi omnye uva ukuba kukho ntoni na engxoweni. Abafundi bayatshintshisana ngokuthi, 'Ivakala ngathi _____ (sisangqa/sisikwere/ngunxantathu).'

Abafundi babeka ibhloko yeathribhyuthi ecaleni komfuno ohambelana nayo osetafileni yemathematika.

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Udityaniso

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi: Linganisani ibali elithi, *Baye batsala, batsala*.

Usuku 3
Okudingayo

- Ingoma: *Ukuba uphethwe isikwere* (iphepha 199)
- 3 izikhongozeli ezinezangqa ezi8, 8 izikwere kunye ne8
- yoonxantathu beebhloko zeathribhyuthi (*iKiti yeziXhobo*), kunye noonxantathu, izikwere, izangqa ezenziwe ngeekhadibodi


INGCEBISO

Ukubala ngomlomo: 1–15 no5–1 kusenokwenziwa ngexesha lokutshintsha.

1. **Ingoma:** Abafundi bema kwisangqa. Balandi imilo enye kwizikhongozeli ezintathu ezisemethini. Culani ingoma ethi *Ukuba uphethwe isikwere*. Abafundi baphakamisa iimilo ezifanayo ngeli lixa baculayo.
2. **Izinto zokubala 1–7:** Abafundi bayazilungisa babe ngamaqela amathathu: elinye liphethwe izangqa, elinye liphathe izikwere lize elinye liphathe oonxantathu. Nika iqela ngalinye isikhongozeli. Babeka iimilo zabo ezisemethini esecaleni kwesikhongozeli.
3. **Ukuziqhelisa 1–4; ngaphezu kwe-, ngaphantsi kwe-, lingana ne-:** Umfundi omnye kwinqela ngalinye ufaka iimilo ezisixhenxe zeqela kwisikhongozeli ngeli lixa iqela libalayo ukusuka ku1 ukuya ku7. Abafundi bajonga iimilo ezintathu ezisemethini.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi iimilo ezisemethini?
- ★ Ingaba zingaphezu okanye zimbilwa kunezine?
- ★ Zingaphi iimilo ozidingayo ukuze wenze iqela elinezinto ezine?
- ★ Ungalenza elinye iqela elineemilo ezilinganayo nezi zikweli qela?



TIP

Move between the three groups to support learners.

4. **One more, one fewer:** Learners continue to work with the shapes on the mat.

Guiding questions:

- ★ Can you make one of the groups have one fewer shape than the other group?
 - ★ How many shapes does the group have in it now?
 - ★ How many more shapes does the first group have in it?
5. **Practising shapes and position:** Each learner holds a shape. Use instructions with positional words, for example: 'Those with small triangles, walk sideways and put your triangles behind my chair.'
6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 4

What you need

- Song: *If you're holding a square* (page 198)
- Masking tape/chalk
- A large cardboard circle, square, triangle (each big enough for four learners to stand on together)
- Musical instrument
- 24 circle, triangle, square attribute blocks (*Resource Kit*)
- Small cardboard triangles, squares and circles – 2 of each
- Number 3 and 4 dot and symbol cards for 21 learners

1. **Song:** Sing the song, *If you're holding a square* with shapes.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1. Use masking tape or chalk to create a ladder on the mat for learners to jump along as the class counts. The jumping ladder could be painted in bright enamel paint outside in the Grade R play area.



INGCEBISO

Hamba-hamba phakathi kwamaqela omathathu ukuze unike abafundi inkxaso.

4. **Ingaphezulu ngenye, imbalwa ngenye:** Abafundi bayaqhubeka besebenza ngeemilo ezisemethini.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ungenza ukuba elinye lamaqela libe nemilo embalwa ngenye kunelinye iqela?
- ★ Eli qela lineemilo ezingaphi kulo ngoku?
- ★ Eli qela lineemilo ezingaphezulu ngezingaphi ngoku?

5. **Ukuziqhelisa iimilo nendawo:** Umfundi ngamnye uphakamisa imilo. Yenza imiyalelo amagama abonakalisa indawo, umzekelo: 'Abanoonxantathu abancinci, mabahambe ngamacala baze babeke oonxantathu babo ngasemva kwesitulo sam.'

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 4

Okudingayo

- Ingoma: *Ukuba uphethwe isikwere* (iphepha 199)
- Itheyiphu yokuncamathelisa/ itshokhwe
- Isangqa, isikwere, unxantathu omkhulu owenziwe ngekhadibhodi (inye ibe nkulu ngokwaneleyo ukuze ilingane abafundi abane beme phezu kwayo)
- Isixhobo sokudlala umculo
- 24 iibhloko zeathribhyuthi ezinemilo yezangqa, unxantathu, isikwere (*iKiti yeziXhobo*)
- Oonxantathu, izikwere nezangqa ezincinci ezenziwe ngekhadibhodi – 2 enye
- Amakhadi anamachokoza nesimboli yenani u3 no4 aza kulingana abafundi abangama21

1. **Ingoma:** Cula ingoma ethi, *Ukuba uphethwe isikwere* ikhatshwa ziintshukumo.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1. Sebenzisa itheyiphu yokuncamathelisa okanye itshokhwe ukwenza ileli emethini abaza kutsiba-tsiba kuyo abafundi ngeli lixa ikhosi ibalayo. Ileli yokutsiba-tsiba isenokupeyintwa ngepeyinti egqamileyo ye-enameli ngaphandle kwindawo yokudlala yabeBanga R.



3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place the large cardboard circle, square and triangle on the mat. Count how many straight sides the triangle and the square have each. Count how many they have altogether.



4. **Practising shapes:** Hide shapes around the classroom. In groups of four, learners take turns to be 'Shape detectives' to find shapes. Learners move to a beat between the three large shapes on the floor. When the music stops, they sit around the shape that matches the one they found in the classroom.

Guiding questions:

- ★ How many learners do you think would be able to stand on the circle/square/triangle at the same time?
 - ★ Would more learners fit on the square or the circle? Why?
5. **Practising 1–4; more/fewer:** Three learners stand on each of the cardboard shapes.



Guiding questions:

- ★ Can one more learner fit onto your cardboard shape?
 - ★ If we want one fewer learner standing on the circle, what must we do?
6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

3. **Izinto zokubala 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka emethini isangqa, isikwere nonxantathu omkhulu owenziwe ngekhadibhodi. Bala ukuba mangaphi amacala ame nkqo akhoyo kunxantathu nakwisikwere. Bala ukuba zombini ezi milo zinamacala ame nkqo amangaphi.



4. **Ukuziqhelisa neemilo:** Fihla iimilo apha eklasini. Abafundi baba ngamaqela amane, bayatshintshiselana ngokuba 'ngabaphandi beemilo' ukuze bafumane iimilo.

Abafundi bahamba ngokwesingqi phakathi kweemilo ezintathu. Xa uphela umculo bahlala bangqonge imilo efanayo naleyo bayifumene eklasini.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Bangaphi abafundi ocinga ukuba bangakwazi ukuma kwisangqa/kwisikwere/kunxantathu ngaxeshanye?
 - ★ Ingaba abafundi bayonela kwesi sikwere okanye isangqa? Kutheni?
5. **Ukuziqhelanisa 1–4; ngaphezu/mbalwa kune-:** Abafundi abathathu bema omnye ecaleni komnye kwiimilo zamakhadibhodi.



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba angakwazi omnye umfundi ukonela kwiimilo zeekhadibhodi?
 - ★ Ukuba sifuna babengaphantsi ngomfundi omnye kwabame esangqeni, kufuneka senze ntoni?
6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi yesitishi sokusebenzela ngasinye.

Day 5

What you need

- Rhyme: *Roly Poly* (page 198)
- 1 large ball
- Animal counters (*Resource Kit*)
- A small 'obstacle' course (see photo below)

1. **Rhyme:** Say the rhyme, *Roly Poly*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Place a group of seven animal counters on the mat.

Guiding questions:

- ★ How many animals do you think there are in this group?
Count the animal counters together.

4. **Practising position and direction:** Set up a small obstacle course. Follow the learners' instructions to move an animal through the obstacle course.



Guiding questions:

- ★ Which way should the horse walk to get to the top of this block?
- ★ Which way should the horse move so that he is under the box?
- ★ The horse wants to stand in this circle of blocks, how can he get there?
- ★ Is there a different way to get out?

Encourage the learners to use direction and position vocabulary.

5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Small group activities

Teacher-guided activity

What you need

- A big toy car or doll
- Unifix blocks and circle, square and triangle attribute blocks (*Resource Kit*)
- 4 attribute blocks: 1 triangle, 1 square and 2 circles (*Resource Kit*)
- Circular container lids – 2 per learner
- A tub for each learner with 4 attribute blocks: triangles/squares/circles (*Resource Kit*) (Vary the combination in each tub.)



Place the animals and obstacle course on a box so that they are raised and all the learners can see them.

Usuku 5

Okudingayo

- Isicengcelezo: uRoly Poly (iphepha 199)
- 1 ibhola enkulu
- Izixhobo zokubala ezizizilwanyana (*iKiti yeziXhobo*)
- Umzila 'wemiqobo' omncinci (jonga ifoto ngezantsi)

1. **Isicengcelezo:** Yenza isicengcelezo, uRoly Poly.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Beka emethini iqela lezixhobo zokubala ezizizilwanyana ezisixhenxe.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi izilwanyana ocinga ukuba zikhona kweli qela? Balani izixhobo zokubala ezizizilwanyana.

4. **Ukuziqhelisa indawo**

nesalathiso: Yenza umzila wemiqobo omncinci. Landela imiyalelo yabafundi wokuhambisa isilwanyana kumzila wemiqobo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ihashe kufuneka lihambe ngeyiphi indlela ukuze liyokufikelela phezu kwale bhloko?
- ★ Ihashe kufuneka lihambe ngeyiphi indlela ukuze libe ngaphantsi kwale bhokisi?
- ★ Ihashe lifuna ukuma phakathi kwesi sangqa seebhloko, lingafikelela njani apha?
- ★ Ingaba ikhona enye indlela yokuphuma?

Bakhuthaze abafundi ukuba basebenzise isigama semiyalelo yecala ekuyiwa ngakulo kunye neyendawo.

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.



INGCEBISO

Beka izilwanyana kumzila wemiqobo phezu kwebhokisi ukwenzela ukuba ibe phezulu ibonwe ngabo bonke abafundi.

Imisebenzi yamaqela amancinci

Umsebenzi okhokelwa ngutitshala

Okudingayo

- Imoto yokudlala enkulu okanye unodoli
- libhloko zeUnifix nesangqa, neebhloko zeathribhyuthi ezinesikwere nonxantathu (*iKiti yeziXhobo*)
- 4 iibhloko zeathribhyuthi: 1 unxantathu, 1 isikwere nezangqa ezi2 (*iKiti yeziXhobo*)
- Iziciko zezikhongozeli ezibusangqa – 2 kumfundi ngamnye
- Isitya somfundi ngamnye esineebhloko zeathribhyuthi ezi4: oonxantathu/izikwere/izangqa (*iKiti yeziXhobo*) (Zitshintsha-tshintshe kwisikhongozeli ngasinye.)

1. **Oral counting:** Clap and count 1–15. Stamp and count 5–1.
2. **Describing an object from different positions:** Put a toy car or doll on the mat. Ask learners to describe what this looks like from where they are sitting, for example: 'I can see the back of the doll's head.'



Guiding questions:

- ★ What does it look like from above?
- ★ What does it look like from underneath the car/doll?

Integration

Home Language and Life Skills: Discuss views of objects from different positions during daily routines, for example, a book at story time.

3. **Counting objects 1–7; similarities and differences:** Place a pile of Unifix and attribute blocks on the mat. Learners take turns to each count seven items. Discuss their choice of items.

Guiding questions:

- ★ What is the same/different about the items in your group?
 - ★ Can you sort these?
 - ★ Tell me how you sorted them.
 - ★ Could you sort them another way?
4. **Practising shapes and position; on, under, in and out:** Learners take out and count the attribute blocks in their tubs. They say how many blocks look like circles, squares or triangles.

Play 'Sizwe says'. For example:

- ★ Put your square under your foot.
- ★ Put your circle on your head.
- ★ Put your triangle back in the tub.



1. **Ukubala ngomlomo:** Qhwaba uze ubale 1–15. Ngqisha uze ubale 5–1.
2. **Ukuchaza into ngokweendawo ekuzo ezahlukeneyo:** Beka emethini imoto yokudlala okanye unodoli. Cela abafundi ukuba bachaze ukuba ijongeka njani na xa bekule ndawo bahleli kuyo, umzekelo: 'Ndibona inqentsu likanodoli.'



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ikhangeleka njani xa uyivele ngasentla?
- ★ Ikhangeleka njani xa ingaphantsi kwemoto/kukanodoli?

Udityaniso

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi: Xoxani ngembonakalo yezinto xa zikwiindawo ezahlukeneyo ngexesha lemisebenzi yesiqhelo, umzekelo, ngexesha lokubalisa amabali.

3. **Ukubala izinto 1–7; ukufana nokwahluka:** Beka emethini imfumba yeebhloko ze*Unifix* nezeathribhyuthi. Abafundi bayatshintshana bebala izinto ezisixhenxe. Xoxani ngezinto abazikhethileyo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Izinto ezikwiqela lenu zifana/zahluka ngantoni?
 - ★ Ningakwazi ukuzihlela?
 - ★ Khanindichazele ngendlela enizihlele ngayo.
 - ★ Ingaba ikhona enye indlela eninokuzihlela ngayo?
4. **Ukuziqhelanisa neemilo kunye nendawo; kwi-, phezu, ngaphantsi, phakathi nangaphandle:** Abafundi bathatha baze babale iibhloko zeathribhyuthi ezisezityeni zabo. Bayachaza ukuba zingaphi na iibhloko ezikhangeleka okwezangqa, izikwere okanye oonxantathu. Dlalani umdlalo othi 'uSizwe uthi'. Umzekelo:
 - ★ Beka isikwere ngaphantsi konyawo lwakho.
 - ★ Beka isangqa sakho phezu kwentloko yakho.
 - ★ Buyisela unxantathu wakho esityeni.



5. **Practising 1–4; one more/one fewer:** Learners play the 'shake and break' game with four counters and two lids. (See the teacher-guided activity in Week 2, page 48.)

Guiding questions:

- ★ Do I have the same number of counters on each lid?
- ★ How many counters do I have on each lid?
- ★ How many counters do I have altogether?
- ★ If ____ puts one more counter on this lid how many will there be?
- ★ If ____ takes one counter from this lid, how many will there be?
- ★ Which group has one more than 2/3?
- ★ Which group has one fewer than 4/3/2?



Check that learners are able to:

- explain similarities and differences between objects and sort these
- describe an object from different views
- demonstrate an understanding of one more and one fewer
- identify a circle, square and triangle

Workstation 1

What you need

- Paper cut-outs: circles, squares and triangles of different sizes and colours
- Glue
- Paper
- Crayons
- An A4 page per learner

Learners paste a shape or shapes onto their page. They draw details on or around the shapes to create a picture.



5. **Ukuziqhelanisa 1–4; ingaphezulu ngenye/mbalwa kune-:**

Abafundi badlala umdlalo othi 'hlukhula uze uchithe' besebenzisa izixhobo zokubala ezine kunye neziciko ezibini. (Jonga umsebenzi okhokelwa ngutitshala weVeki 2, iphepha 49.)

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba ndinenani elilinganayo lezixhobo zokubala phezu kwesiciko ngasinye?
- ★ Zingaphi izixhobo zokubala endinazo phezu kwesiciko ngasinye?
- ★ Zingaphi izixhobo zokubala endinazo xa zizonke?
- ★ Ukuba u_____ ubeka isixhobo sokubala esinye ngaphezulu kwesi siciko, ndiza kuba nezingaphi?
- ★ Ukuba u_____ uthatha isixhobo sokubala sibe sinye kwesi siciko, kuza kushiyeke ezingaphi?
- ★ Leliphi iqela elinesinye ngaphezulu kuno2/3?
- ★ Leliphi iqela elinesinye ngaphantsi kuno4/3/2?

**Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-:**

- cacisa ukufana nokwahluka phakathi kwezinto baze bazihlele
- chaza into ngokweendlela ngeendlela ebonakala ngazo
- bonisa ukuqonda u-enye ngaphezulu no-enye ngaphantsi
- chonga isangqa, isikwere nonxantathu

Isitishi sokusebenzela 1**Okudingayo**

- Iphepha elisikiweyo: izangqa, izikwere noonxantathu abanobungakanani obungalinganiyo nemibala eyahlukileyo
- Iglu
- Iphepha
- Iikhrayoni
- Iphepha elinguA4 lomfundi ngamnye

Abafundi bancamathelisa imilo okanye iimilo ephepheni labo. Bazoba iinkcukacha kwiimilo okanye benze imizobo engqonge imilo ukuze benze umfanekiso.



Workstation 2

What you need

- Playdough
- Dough cutters (square, circle, triangle)
- Plastic knives
- Dough mats/boards
- Poster 11

Learners make playdough squares, circles and triangles using their dough cutters. They create a picture using the shapes.



Workstation 3

What you need

- Blocks and/or Unifix blocks

Learners build whatever they like from blocks.

Workstation 4

What you need

- An assortment of twelve-piece puzzles

Learners build puzzles.



Provide opportunities for learners with differing abilities to work at their own pace.

Isitishi sokusebenzela 2

Okudingayo

- Intlama yokudlala
- Izisiki zentlama (isikwere, isangqa, unxantathu)
- Iimela zeplastiki
- Imethi/iibhodi zokwenzela intlama
- UPowusta 11

Abafundi benza izikwere, izangqa noonxantathu ngentlama yokudlala besebenzisa izisiki zentlama. Benza umfanekiso besebenzisa iimilo.



Isitishi sokusebenzela 3

Okudingayo

- Ibhloko kunye/okanye iibhloko zeUnifix

Abafundi bakha nantoni na abafuna ukuyakha ngeebhloko.

Isitishi sokusebenzela 4

Okudingayo

- Iindidi zeephazili ezinamaqhekeza alishumi elinambini

Abafundi badibanisa iiphazili.



Nika amathuba okuba abafundi abanezakhono ezahlukileyo basebenze bengaxheshwa.

Content Area Focus: Numbers, Operations and Relationships

Topics

- Recognise number symbols and number words
- Describe, compare and order numbers

New knowledge

- Number 5

Practise

- Oral counting 1–15 and 5–1
- Counting objects 1–7
- Number concept 1–4
- Sequencing numbers 1–4
- More, fewer

New maths vocabulary


number line

order

Getting ready

For the activities this week, you will need to prepare the following:

- number frieze and house template for number 5 (page 210)
- 5 number '5' dot, symbol and word labels for the maths table (page 210)
- 5 green circle cardboard cut-outs (to fit 5 animal counters)
- *Five in a bed* poster from Term 1, Week 9, adapted to use monkeys



- number washing line made with string, pegs and number symbol cards 1–5 (see Day 3)
- 5 post boxes, marked with number symbols 1–5 (see Day 4)
- playdough template: Number 5 per learner (page 214)
- A4 page per learner with 5 ladybirds drawn on it (see Workstation 2)
- 5 paper plates/lids per learner, each with a number symbol and matching dots 1–5, for example, 1 and one dot, 2 and two dots (see Workstation 3)
- 30 stones
- copy number puzzles (1 per learner in a group) and colour in the pictures (page 219).

INkalo yomXholo ekuGxininiswa kuyo: Amanani, iiOpareyshini noLwalamano

Izihloko

- Jonga iisimboli zamanani namanani angamagama
- Chaza, uthelekise uze ulandelelanise amanani

Ulwazi olutsha

- Inani 5

Ziqhelise

- Ukubala ngomlomo 1–15 no5–1
- Ukubala izinto 1–7
- Ingqikelelo-manani 1–4
- Ukulandelelanisa amanani 1–4
- Ngaphezulu, mbalwa kune-

Isigama esitsha semathematika

umgca-manani

landelelanisa

Ukulungela

Kwimisebenzi yale veki, kuza kufuneka ulungise oku kulandelayo:

- ifrizi yamanani nethempleyithi yendlu yeyani u5 (iphepha 211)
- 5 amachokoza enani u'5', isimboli kunye negama leleyibheli yetafile yemathematika (iphepha 211)
- 5 iikhadibhodi eziluhlaza ezisikwe zazizangqa (eziza kwanela kwizixhobo zokubala ezi-5)
- Ipowusta ethi, *Bahlanu ebhedini* ethathwe kwiKota 1, iVeki 9, elungiselelwe ukuba kusetyenziswe iinkawu
- ucingo lokwaneka amanani, iiphegi kunye namakhadi amanani 1–5 (jonga kuSuku 3)
- 5 iibhokisi zeposi, eziphawulwe ngesimboli 1–5 (jonga kuSuku 4)
- ithempleyithi yentlama yokudlala: Inani 5 (iphepha 215)
- A4 iphepha lomfundi ngamnye elinoobhantom abazotyweyo kulo aba5 (jonga Isitishi sokusebenzela 2)
- 5 iipleyiti zephepha/iziciko kumfundi ngamnye, emnye abenesimboli yephepha namachokoza enani alifanayo 1–5, umzekelo, 1 kunye nechokoza elinye, 2 kunye namachokoza amabini (jonga Isitishi sokusebenzela 3)
- 30 amatye
- khuphela iiphazili zamanani (1 kumfundi ngamnye eqeleni) baze bafake umbala emifanekisweni (iphepha 220).



Whole class activities

Day 1

What you need

- Rhyme: *Roly Poly* (page 198)
- 2 hula hoops (or draw circles with chalk)
- 14 animal counters (*Resource Kit*)
- Number friezes 1–4
- Number frieze: Number 5 (page 210)
- *Number 5 story* (page 200)

1. **Rhyme:** Say the rhyme, *Roly Poly*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place two hula hoops on the mat. Spread out seven animal counters inside the one hoop, and place seven animal counters close together inside the other hoop.

Guiding questions:


- ★ How many animals are in this group? And in this group?
 - ★ Which group has more/fewer animals?
- Together count the animals 1–7 in each hula hoop.

4. **Introducing number '5':** Point to number friezes 1–4 on the wall.

Guiding questions:

- ★ Which house has one more animal than the meerkats' house?
- ★ How do you know?
- ★ How many animals live in the house that was built after the elephant's house?
- ★ How many animals do you think will live in the next house?

Tell the *Number 5 story*. The animals' house is the focus of the story. Show the parts of the number frieze as you build up the story of the animals and images of the house: the different representations of number 5, for example, the picture, the dots, the symbol and the word. Display the parts of the frieze in the animal house on the wall in the maths area. Count the monkeys together.



- ★ Who has seen a monkey before? Where?
 - ★ What noise does a monkey make?
 - ★ Show me how they move.
 - ★ How many more monkeys are there than meerkats?
 - ★ If one meerkat went to the monkeys' house, how many meerkats would be left in the meerkats' house?
5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Imisebenzi yeklasi yonke

Usuku 1

Okudingayo

- Isicengcelezo: u*Roly Poly* (iphepha 199)
- 2 iihulahupu (okanye uzobe izangqa ngetshokhwe)
- 14 izixhobo zokubala ezizizilwanyana (*iKiti yeziXhobo*)
- Ifrizi yamanani 1–4
- Ifrizi yamanani: Inani 5 (iphepha 211)
- *Ibali lenani 5* (iphepha 201)

1. **Isicengcelezo:** Yenza isicengcelezo, u*Roly Poly*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka iihulahupu ezimbini emethini. Yandlala izixhobo zokubala ezizizilwanyana ezisixhenxe ngaphakathi kwenye ihulahupu, uze ubeke izixhobo zokubala ezizizilwanyana kufutshane nehulahupu.

Imibuzo ekhokelayo:


- ★ Zingaphi izilwanyana ezikweli qela? Kweli iqela lona?
 - ★ Leliphi iqela elinezilwanyana ezingaphezulu/ezimbalwa?
- Ninonke balani izilwanyana 1–7 kwihulahupu nganye.

4. **Ukwazisa ngenani u'5':** Yalatha kwiifrizi zamanani 1–4 eziseludongeni.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Yeyiphi indlu enezilwanyana ezingaphezulu ngesinye kunezo zikwindlu yamagala?
- ★ Ukwazi njani oko?
- ★ Zingaphi izilwanyana ezihlala kule ndlu yakhiwe emva kweyendlovu?
- ★ Zingaphi izilwanyana ocinga ukuba ziza kuhlala kwindlu elandelayo?

Balisa *Ibali lenani 5*. Indlu yezilwanyana ngumxholo welibali. Bonisa inxenye yomzobo wenani njengokuba lisondelelana ibali lezilwanyana kunye nemifanekiso yezindlu: ukubonakaliswa okwahlukahlukileyo kwenani u5, umzekelo, umfanekiso, amachokoza, isimboli kunye negama. Bonisa iinxenye zefrizi esendlwini yezilwanyana eseludongeni kwindawo yemathematika. Balani iinkawu nikunye.



- ★ Ngubani owayekhe wayibona inkawu? Wawuyibona phi?
 - ★ linkawu zenza ingxolo enjani?
 - ★ Khanindibonise ukuba zihamba njani.
 - ★ linkawu zingaphezulu kunamagala ngesingaphi?
 - ★ Ukuba igala elinye liye endlwini yeenkawu, kuza kushiyeka amangaphi endlwini yamagala?
5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Day 2

What you need

- Song: *Five monkeys in a bed* (page 200) and pictures
- Number 5 dot, symbol and word cards
- 3 circle cardboard cut-outs
- 19 animal counters (*Resource Kit*)
- 30 animal counters hidden around the classroom (1 per learner)

1. **Song:** Sing the song, *Five monkeys in a bed*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place three cardboard circles on the mat, one with no animals, one with seven animals spread out, and one with seven animals standing close together.

Guiding questions:

- ★ How many animals do you think there are in this group?

Point to one of the groups of seven and count the animals, then point to the other group and ask, 'How many animals?'

- ★ Which of these two groups has more/fewer/the same number of animals?

4. **Practising 5:** Discuss the three groups of animals.

Guiding questions:

- ★ If I only want five animals in each of these groups, what must I do? (Take two away from each group.)

Place four animals on the empty circle.

- ★ How many more animals do we need to add to this group to make five?

5. **Animal hunt:** Place a container with sticks from the *Resource Kit* on the maths table for learners to create 'camps' of five animals. Place animal counters from the *Resource Kit* around the classroom. Learners go on an 'animal hunt' to find the animals. They place these on the table in 'camps' of five.

Guiding questions:

- ★ What could we do with the animals that can't fit into these camps? (Arrange them individually on the maths table.)

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 3

What you need

- Song: *Five monkeys in a bed* (page 200) and pictures
- 7 clothes pegs
- Number washing line with number cards 1–5 to peg onto string
- Number symbols 1–5 (*Resource Kit*)
- 5 hula hoops



TIP

Remind learners to move quietly so that they don't frighten the animals.

Usuku 2

Okudingayo

- Ingoma: *linkawu ezintlanu ebhedini* (iphepha 201) nemifanekiso
- Amakhadi anamachokoza, iisimboli kunye namanani angamagama enani u5
- 3 izangqa ezisikwe ezikhadibhodini
- 19 izixhobo zokubala ezizizilwanyana (*iKiti yeziXhobo*)
- 30 izixhobo zokubala ezizizilwanyana ezifihlwe eklasini (1 kumfundi ngamnye)

1. **Ingoma:** Culani ingoma, *linkawu ezintlanu ebhedini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka emethini izangqa ezintathu ezenziwe ngeekhadibhodi, esinye singabi nazilwanyana, esinye sibe nezilwanyana ezisixhenxe ezithe sa, size esinye sibe nezilwanyana ezisixhenxe ezisondeleneyo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi izilwanyana ocinga ukuba zikhona kweli qela?

Yalatha kwelinye lamaqela anezixhenxe uze ubale izilwanyana, emva koko walathe kwelinye iqela ubuze, 'Zingaphi izilwanyana ezilapha?'

- ★ Leliphi kula maqela amabini elinezilwanyana ezingaphezulu/ ezimbalwa/ezilinganayo?

4. **Ukuziqhelisa u5:** Xoxani ngala maqela mathathu ezilwanyana.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ukuba ndifuna nje izilwanyana ezintlanu kwiqela ngalinye kula, kungafuneka ndenze ntoni? (Thatha zibe mbini kwiqela ngalinye.)

Zibeke ezi zilwanyana zine kwesa sangqa singenanto.


- ★ Kufuneka kongezwe izilwanyana ezingaphi kweli qela ukuze zibe ntlanu?

5. **Ukuzingela izilwanyana:** Beka isikhongozeli esinezinti ozithatha kwi*Kiti yeziXhobo* etafileni yemathematika ukuze abafundi benze 'iinkampu' zezilwanyana ezintlanu. Fihla izixhobo zokubala ezizizilwanyana ozithatha kwi*Kiti yeziXhobo* kwiindawo ezithile apha eklasini. Abafundi 'bazingela izilwanyana' bade bazifumane. Bazibeka etafileni zibe 'ziinkampu' ezinantlanu.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Yintoni esinokuyenza ngezilwanyana ezingangeniyo kula maqela? (Zihlele nganye nganye kwitafile yemathematika.)

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.



Usuku 3

Okudingayo

- Ingoma: *linkawu ezintlanu ebhedini* (iphepha 201) kunye nemifanekiso
- 7 iiphegi zeempahla
- Ucingo lokwaneka amanani elinamakhadi amanani
- 1–5 axhonywe ngeephegi emsontweni
- Iisimboli zamanani 1–5 (*iKiti yeziXhobo*)
- 5 iihulahupu

1. **Song:** Learners stand in a circle. They dramatise the song *Five monkeys in a bed*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Ask seven learners to each fetch one object from around the classroom. Place the objects on the mat. Arrange learners so that they can all see what is on the mat.

Guiding questions:

- ★ How many objects are on the mat?
- ★ How many objects will be left if we take one away? If we take another one away? If we take two away?
- ★ How many objects do we need to put back to have five? How many more objects do we need to put back to have seven?

4. **Practising and ordering numbers 1–5:** Introduce the number washing line. Take the number cards off the washing line and give them to five learners. Learners arrange themselves in order from 1 to 5.

Guiding questions:

- ★ Which number should come first, next, before, after?

Turn a learner around so that other learners can't see their number card.

- ★ Which number is between 2 and 4?



Place the number symbols 1–5 in a muddle on the floor. Ask learners to help peg the cards in order from 1 to 5 on the washing line. Learners peg numbers to the line as you ask questions.

- ★ Which number should come first, next, after?
- ★ Can you point to the number that is before, between?

5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 4

What you need

- Song: *Five monkeys in a bed* (page 200) and pictures
- 30 number '1–5' picture, symbol and dot cards (*Resource Kit*)
- Music or an instrument
- Number washing line with number symbols 1–5 pegged onto string
- 5 post boxes marked 1–5
- Coloured counters
- Number 5 dot cards (*Resource Kit*)

1. **Song:** Dramatise *Five monkeys in a bed*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Clap any number of times between 1 and 7. Learners count the number of claps and say how many claps there were.

1. **Ingoma:** Abafundi bema kwisangqa. Balinganisa ingoma ethi, *linkawu ezintlanu ebhedini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Cela abafundi abasixhenxe ukuba balande into ibenye apha eklasini. Beka into leyo emethini. Hlela abafundi ngendlela ezakubenza bakwazi ukubona oko kusemetheni.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi izinto ezisemethini?
- ★ Kuza kushiyeke izinto ezingaphi ukuba sithatha ibe nye? Ukuba sithatha enye? Ukuba sithatha zibe mbini?
- ★ Zingaphi izinto ekufuneka sizibuyisele ukuze sibe nezintlanu? Kungafuneka songeze ezingaphi ukuze sibe nezisixhenxe?

4. **Ukuziqhelisa nokuhlela amanani 1–5:**

Yazisa ngocingo lokwaneka amanani. Yothula amakhadi amanani elucingweni uwagqithisele kubafundi abahlanu. Abafundi bayazilungisa ngokulandelelana ukususela ku1 ukuya ku5.



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Leliphi inani ekufanele libe sekuqaleni, elilandelayo, elingaphambili, elingasemva?

Jikelezisa umfundi ukwenzela ukuba abanye bangawaboni amakhadi amanani abo.

- ★ Leliphi inani eliphakathi kuka2 no4?

Beka iisimboli zamanani 1–5 embindini womgangatho. Cela abafundi ukuba baxhome amakhadi eme ngendlela ukusuka ku1 ukuya ku5 elucingweni lokwaneka. Abafundi baxhoma amanani elucingweni njengokuba ubuza imibuzo.

- ★ Leliphi inani ekufanele libe lelokuqala, elilandeleyo, elisemva?
- ★ Ungalalatha inani elingaphambili, eliphakathi?

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 4

Okudingayo

- Ingoma: *linkawu ezintlanu ebhedini* (iphepha 201) kunye nemifanekiso
- 30 amakhadi anemifanekiso, iisimboli namachokoza
- Amanani '1–5' (*iKiti yeziXhobo*)
- Umculo okanye isixhobo somculo
- Ucingo lokwaneka amanani olunesimboli zamanani 1–5 ezixhonywe emtyeni
- 5 iibhokisi zeposi ezibhalwe 1–5
- Izixhobo zokubala ezimibalabala
- Amakhadi anamachokoza enani u5 (*iKiti yeziXhobo*)

1. **Ingoma:** Linganisani ingoma ethi, *linkawu ezintlanu ebhedini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Qhwabani nakangaphi na phakathi kuka1 no7. Abafundi babala amatyeli abaqhwabe ngawo baze bachaze ukuba kuqhwatywe kangaphi na.



TIP

Use the number cards from the maths table if you need more for each learner for activity 4.

4. **Practising 1–5:** Learners call out the number as you show dot cards 1–5. Discuss which dot cards make 5. Show different combinations of dots to make 5. Look at the number 5 dot cards and discuss what is the same/different about each one.

Hand out a number 1–5 symbol, picture or dot card to each learner. Point to the number friezes. Learners hold up their card if it matches the number on the animal frieze as you point. Play some music or shake a tambourine. Learners move to the music. When the music stops, they form groups of learners who have matching number cards. Place post boxes 1–5 below the washing line. Learners post their cards into the correct boxes when the music stops.



Guiding questions:

- ★ Which group should post their numbers first, last, and so on? Why?
5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 5

What you need

- Song: *Five monkeys in a bed* (page 200) and pictures
- Poster 2
- Tambourine

1. **Song:** Dramatise *Five monkeys in a bed*.
2. **Oral counting:** 1–15 and 5–1.
3. **Counting objects 1–7:** Repeat the counting activity you did on Day 4.
4. **Practising 1–5:** Use the tambourine to beat counts of 1 to 5. Learners jump to the tambourine beats. Between jumps, give instructions using numbers 1–5. For example: 'Shake hands with three friends.' 'Match five fingers on your one hand to five fingers on your friend's hand.'
5. **Practising 4 and 5:** Discuss Poster 2. Talk about what the learners can see.

Guiding questions:

- ★ Does our playground look like this?
- ★ Is there anything that is the same/different?
- ★ What games are the children playing?

Count together how many children are playing each game. Choose learners to point as you ask questions.

- ★ Can you see the numbers 4 and 5?
- ★ How many children are playing hopscotch? And in the tyres?

INGCEBISO

Sebenzisa amakhadi amanani athathwe etafileni yemathematika ukuba ufuna ongezelelweyo kumfundi ngamnye xa kusenziwa umsebenzi 4.

4. **Ukuziqhelisa 1–5:** Abafundi babiza inani njengokuba ubonisa ngamakhadi anamachokoza ka1–5. Xoxani ngokuba leliphi ikhadi elinamachokoza enza u5. Bonisa ngezinye indibanisela ezanza u5. Jonga kumakhadi anamachokoza enani u5 nize nixoxe ngento afana/ohluka ngayo.

Gqithisela umfundi ngamnye ikhadi elinesimboli, elimifanekiso nelinamachokoza amanani 1–5. Yalatha kwifrizi yamanani. Abafundi baphakamisa amakhadi abo ukuba ayahambelana nenani lefrizi yezilwanyana olalathileyo. Dlala umculo okanye ubethe ithamborini. Abafundi bajayivele umculo. Wakuthula umculo, benza amaqela abafundi abanamakhadi amanani ahambelanayo.

Beka iibhokisi zeposi 1–5 ezantsi kocingo lokwaneka. Abafundi baposa amakhadi abo kwiibhokisi ezichanekileyo xa kuphela umculo.



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Leliphi iqela ekufanele lipose amanani alo kuqala, elokugqibela lona, njalo njalo? Kuba?
5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi yesitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 5

Okudingayo

- Ingoma: *linkawu ezintlanu ebhedini* (iphepha 201) kunye nemifanekiso
- Ipowusta 2
- Ithamborini

1. **Ingoma:** Linganisani ingoma ethi, *linkawu ezintlanu ebhedini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–15 no5–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Phindani umsebenzi wokubala obuwenze kuSuku 4.
4. **Ukuziqhelisa 1–5:** Sebenzisa ithamborini ukuze nibale izandi zika1 ukuya ku5. Abafundi batsibatsiba ngokwesingqi sethamborini. Besatsibatsiba njalo, banike imiyalelo usebenzisa amanani 1–5. Umzekelo: 'Xhawula izandla nabahlobo abathathu.' 'Tshatisa iminwe emihlanu yesandla kunye neyesandla somhlobo wakho.'
5. **Ukuziqhelisa u4 no5:** Xoxani ngePowusta 2. Thethani ngoko kubonwa ngabafundi.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba ibala lethu lokudlala linje ngeli?
- ★ Ingaba ikhona into efanayo/eyahlukileyo?
- ★ Abantwana badlala yiphi imidlalo?

Balani kunye ukuba bangaphi abantwana abadlala umdlalo ngamnye. Khetha abafundi abaza kwalatha njengokuba ubuza imibuzo.

- ★ Niyawabona amanani u4 no5?
- ★ Bangaphi abantwana abadlala uskotshi? Abasematayareni?

- ★ If one more child joins these children, how many will there be?
- ★ How many things are there in the sandpit?
- ★ If we put one more thing in/took one out, how many things would there be?

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Integration

Home Language and Life Skills: When playing outdoor games refer to, for example, five balls, five times, five throws, five catches.



Small group activities

Teacher-guided activity

What you need

- 2 plastic lids per learner
- Number 5 dot cards
- Playdough and a mat per learner
- An A4 page per learner
- Crayons
- A tub per learner with:
 - Number dot, symbol, word cards 1–5
 - 5 stones
 - Red and yellow beads (*Resource Kit*)

1. **Matching dot cards:** Show learners a number 5 dot card. They arrange their stones to match this. Repeat with the other five-dot arrangements.



- ★ Ukuba omnye wabantwana uyangenelela adlale naba bantwana, baza kuba bangaphi?
 - ★ Zingaphi izinto ezikwindawo yokudlala enesanti?
 - ★ Ukuba songeza into enye/sisusa ibe nye, siza kuba nezinto ezingaphi?
6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi yesitishi sokusebenzela ngasinye.

Udityaniso

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi: Xa kudlalwa imidlalo yaphandle bhekisa, umzekelo, kwiibhola ezintlanu, amatyeli amahlanu, ukujula kahlanu, ukuganga kahlanu.



Imisebenzi yamaqela amancinci

Umsebenzi okhokelwa ngutitshala

Okudingayo

- 2 iziciko zeplastiki kumfundi ngamnye
- Amakhadi anamachokoza enani u5
- Intlama yokudlala kunye nemethi kumfundi ngamnye
- Iphepha elinguA4
- Iikhrayoni
- Isitya somfundi ngamnye esiqulethe:
 - Amakhadi amanani anamachokoza, aneesimboli, amanani angamagama ka1–5
 - 5 amatye
 - Amaso abomvu namthubi (*iKiti yeziXhobo*)

1. **Ukutshatisa amakhadi anamachokoza:** Bonisa abafundi ikhadi elinamachokoza enani u5. Bahlela amatye bewatshatisa noku. Kuphinde oku ngezinye iintlelo zamachokoza amahlanu.



2. **Practising 5:** Learners count five stones from their tubs. They match their number 5 word and symbol cards to the five stones.

Place two lids in front of each learner. Together play the 'shake and break' game for number 5. Learners place their stones on the two lids in front of them as they have 'broken up' the collection. They take turns to say how many they have on each lid.

Guiding questions:

- ★ How did you break up your stones?
- ★ Who has something different?

Repeat the activity. Show one learner's lids to the group.

- ★ Who has the same?

Choose a matching set of lids and compare these.

- ★ What is the same/different about these two groups?

3. **Structure beads:** Learners show the number of beads as you ask them.

Guiding questions:

- ★ Can you show me two beads?
- ★ Can you show me one more bead?
- ★ Can you show me one less?

Hold two beads in your hand.

- ★ How many more/fewer beads do you need to get to three/four/five?

Encourage learners not to count the beads one at a time but to rather show you the number of beads you have asked for. The beads support learners to count on from a chosen number.

4. **Practising 5 using playdough:** Learners make a 5 using playdough. Support learners who are ready to write 5.



2. **Ukuziqhelisa u5:** Abafundi babala amatye amahlanu abawathathe kwizitya zabo. Batshatisa amakhadi abo anamanani angamagama nanamachokoza enani u5 namatye amahlanu.

Beka iziciko ezimbini phambi komfundi ngamnye. Ninonke dlalani umdlalo 'wokuhlukuhla nize nichithe' ngenani u5. Abafundi babeka amatye abo phezu kweziciko phambi kwabo nanjengoko sele 'beyichithile' ingqokelela. Bayatshintshisana ngokuchaza ukuba mangaphi phezu kwesiciko ngasinye.



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Uwachithe njani amatye akho?
- ★ Ngubani oneziphumo ezahlukileyo?

Wuphinde lo msebenzi. Bonisa ngeziciko zomfundi omnye eqeleni.

- ★ Ngubani onezifanayo?

Khetha isethi yeziciko ehambelanayo uze uzithelekise.

- ★ Yintoni afana/ahluke ngayo la magela mabini?

3. **Amaso okuhlela:** Abafundi babonisa ngenani lamaso njengokuba ubabuza.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ungandibonisa amaso amabini?
- ★ Ungandibonisa xa wongeze iliso lalinye?
- ★ Ungandibonisa xa ususe iliso elinye?

Phatha amaso amabini esandleni sakho.

- ★ Mangaphi amaso angaphezulu/ angaphantsi ukuze ube namaso amathathu/amane/amahlanu?



Khuthaza abafundi ukuba bangawabali nganye nganye amaso kodwa bakubonise inani lamaso olibuzileyo. Amaso anceda abafundi ukuba baqhubeke nokubala ukususela kwinani elikhethiweyo.

4. **Ukuziqhelisa u5 usebenzisa intlama yokudlala:** Abafundi benza u5 besebenzisa intlama yokudlala. Baxhase abafundi asele bekulungele ukubhala u5.





Check that learners are able to:

- identify number 5 dot, symbol and word cards
- match counters to number 5 dot cards
- notice similarities and differences in two groupings of five objects
- show one more, one fewer
- count on from a given number, up to 5



Workstation 1

What you need


- Playdough
- Playdough template: Number 5 per learner (page 214)

Learners use playdough to complete the playdough template for number 5.

Workstation 2

What you need

- A copy of the A4 page with 5 ladybirds drawn on it per learner
- Paper scraps
- Glue



Learners roll up paper balls. They decorate the ladybirds with the appropriate number of balls.

Workstation 3

What you need

- 15 pegs and counters per learner
- A set of numbered plates or lids 1–5 per learner



Learners attach the appropriate number of pegs to each plate/lid. They put a counter on each dot.

Workstation 4

What you need

- 1 set of number puzzles 1–5 per learner (page 219)

Learners complete the number puzzles.



Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-:

- chonga amakhadi anamachokoza, iisimboli namanani angamagama enani u5
- tshatisa izixhobo zokubala namakhadi anamachokoza enani u5
- qaphela ukufana nokwahluka kumaqela amabini ezinto ezibekwe ngantlanu
- bonisa ngaphezulu ngenye, mbalwa ngenye
- qhubeka bebala ukusuka kwinani elinikiweyo, ukuya ku5




Isitishi sokusebenzela 1

Okudingayo

- Intlama yokudlala
- Ithempleyithi yentlama yokudlala: Inani 5 kumfundi ngamnye (iphepha 215)

Abafundi basebenzisa intlama yokudlala ukugqibezela ithempleyithi yenani u5.

Isitishi sokusebenzela 2



Okudingayo

- Ikopi yephepha elinguA4
- Izinemizobo yoobhantom aba5 lomfundi ngamnye
- Iziqwenga zamaphepha
- Iglu

Abafundi benza iibhola zamaphepha. Bahombisa oobhantom ngenani leebhola elifanelekileyo.

Isitishi sokusebenzela 3



Okudingayo

- 15 yeephegi kunye nezixhobo zokubala kumfundi ngamnye
- Isethi yeepleyiti okanye iziciko ezinamanani 1-5 kumfundi ngamnye

Abafundi bancamathelisa esicikweni inani elifanelekileyo leephegi. Babeka isixhobo sokubala kwichokoza ngalinye.

Isitishi sokusebenzela 4

Okudingayo

- Isethi e1 yeephezili zamanani 1-5 kumfundi ngamnye (iphepha 220)

Abafundi bagqibezela iiphazili zamanani.

Content Area Focus: Patterns, Functions and Algebra

Topics

- Copy and extend simple repeating patterns
- Create own patterns
- Describe the repeat in patterns

New knowledge

- Copy and extend simple repeating patterns
- Create and explain own pattern
- Oral counting 1–20
- Count backwards 7–1

Practise

- Counting objects 1–7
- Number concept 1–5
- Sequencing numbers 1–5
- Making groups the same

New maths vocabulary

carry on

continues

the same

Getting ready


For the activities this week, you will need to prepare the following:

- 30 cards with large red, yellow, blue, green and orange circles (6 of each)
- 7 pictures of potatoes
- a large page with an outline of a tree with 7 leaves (3 big and 4 small), attached in a pattern: big, small, small, big, small, small, big
- 7 other leaf cut-outs
- 6 red and 4 yellow flower cut-outs
- 4 groups of instruments/sound makers (for example, bells, shakers, sticks, drums) – 1 per learner
- 3 pictures of each of the 4 instruments/sound makers (12 altogether)
- string and 12 pegs
- Unifix block pattern cards – 1 per learner for 2 groups
- an A4 page with shape patterns to be extended per learner
- an A4 snake shape and an A4 page with circles, squares and triangles – 1 of each per learner



TIP

Instead of a snake, choose a theme-related animal or object.



- bead-threading pattern cards (the beads on the pattern cards must look like those that will be used, in size and colour – see Workstation 4).

INkalo yomXholo ekuGxininiswa kuyo: IiPateni, iiFanshini neAljibhra

Izihloko

- Khuphela uze wongeze iipateni ezilula eziphindaphindayo
- Yenza eyakho ipateni
- Chaza ukuziphindaphinda kwipateni

Ulwazi olutsha

- Khuphela uze wongeze ipateni elula eziphindaphindayo
- Yenza uze ucacise eyakho ipateni
- Ukubala ngomlomo 1–20
- Ukubala ubuyela umva 7–1

Ziqhelise

- Ukubala izinto 1–7
- Ingqikelelo-manani 1–5
- Ukulandelelanisa amanani 1–5
- Ukwenza amaqela afane

Isigama esitsha semathematika

qhubeka

iyaqhubeka

efanayo

Ukulungela

Kwimisebenzi yale veki, kuza kufuneka ulungise oku kulandelayo:

- 30 amakhadi anezangqa ezikhulu ezibomvu, ezimthubi, ezizuba, eziluhlaza neziorenji (ezi6 kumbala ngamnye)
- 7 imifanekiso yeetapile
- iphepha elikhulu elinomfanekiso omfiliba womthi onamagqabi a7 (3 amakhulu na4 amancinci), ancanyathiselwe ngepateni: khulu, ncinci, ncinci, khulu, ncinci, ncinci, khulu
- 7 amanye amagqabi asikiweyo
- 6 iintyantyambo ezisikiweyo ezibomvu nezi4 nezimthubi
- 4 amaqela ezixhobo/ezinto ezenza isandi (umzekelo, iintsimbi, inkatshaza, izinti, amagubu) – 1 kumfundi ngamnye
- 3 imifanekiso yezixhobo/zinto nganye kwezi4 ezenza isandi (zizonke ziza kuba 12)
- umtya neephegi ezi12
- amakhadi anepateni yebhloko yeUnifix – 1 kumfundi ngamnye kumaqela ama2
- iphepha elinguA4 elinepateni zeemilo eziza kongezwa lomfundi ngamnye
- iphepha elinguA4 elinemilo yenyoka nephepha elinguA4 elinezangqa, izikwere noonxantathu – e1 yazo kumfundi ngamnye



Endaweni yenyoka, khetha isilwanyana okanye into enxulumene nomxholo.



- amakhadi anepateni yokuhlohla amaso (amaso kumakhadi anepateni kufuneka afane nalawo aza kusetyenziswa, ngobukhulu nangombala – jonga Isitishi sokusebenzela 4).

Whole class activities

Day 1

What you need

- Rhyme: *One potato, two potatoes* (page 202)
- 7 pictures of potatoes
- Poster 7

1. **Counting rhyme:** Say the rhyme, *One potato, two potatoes*.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Put up the seven pictures of potatoes.

Guiding questions:

- ★ How many potatoes do you see?

Repeat the rhyme as you point to each potato.

4. **Copying and extending patterns:** Whisper in the ears of six learners to ask them to sit as follows: straight legs, crossed legs, straight legs, crossed legs, straight legs, crossed legs.

Guiding questions:

- ★ What can you tell me about the way these learners are sitting?
- ★ Is this a pattern?
- ★ What makes you say that?
- ★ What is this pattern?

Touch each learner as the class chants: 'Straight legs, crossed legs ...'

- ★ How can we make this pattern carry on in the same way?

Add other learners.

Whisper a new pattern to six other learners: one sitting, two standing, one sitting, two standing. Ask questions about this pattern and ask learners to extend the pattern.

5. **Identifying patterns in a picture:** Discuss Poster 7.



Guiding questions:

- ★ What patterns can you see in this picture?

Explain why this is a pattern.

- ★ What can you see that does not have a pattern on it?
- ★ How do we know if something is a pattern?

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Imisebenzi yeklasi yonke

Usuku 1

Okudingayo

- Isicengcelezo: *Itapile enye, iitapile ezimbini* (iphepha 203)
- 7 semifanekiso yeetapile
- IPowusta 7

1. **Isicengcelezo sokubala:** Yenzani isicengcelezo esithi, *Itapile enye, iitapile ezimbini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Xhoma imifanekiso esixhenxe yeetapile.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ubona iitapile ezingaphi?

Phindani isicengcelezo njengokuba usalatha itapile nganye.

4. **Ukukhuphela nokwandisa iipateni:** Sebezela ezindlebeni zabafundi abathandathu ubacela ukuba bahlale ngale ndlela ilandelayo: banabe, benze isathanga, banabe, benze isathanga, banabe, benze isathanga.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Yintoni onokundixelesa yona ngendlela abahleli ngayo aba bafundi?
- ★ Ingaba yipateni le?
- ★ Yintoni ekwenza ukuba utsho?
- ★ Yintoni ipateni?

Bamba umfundi ngamnye njengokuba iklasi yonke ikhwaza: 'Banabile, benze isathanga ...'

- ★ Singayenza njani le pateni ukuba iqhubeke ngale ndlela?

Yongeza abanye abafundi.

Sebezela ipateni entsha kwabanye abafundi abathandathu: mnye ohleliyo, babini abamileyo, mnye ohleliyo, babini abamileyo. Buza imibuzo ngale pateni uze ucele abafundi ukuba bayongeze.

5. **Ukwalatha iipateni emfanekisweni:** Xoxani ngePowusta 7.



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zeziphi iipateni ozibonayo kulo mfanekiso? Cacisa ukuba kutheni iyipateni le.
- ★ Yintoni oyibonayo engenapateni kuyo?
- ★ Sazi njani ukuba into yipateni?

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Day 2

What you need

- Rhyme: *One potato, two potatoes* (page 202)
- 7 pictures of potatoes
- 30 colour circle cards

1. **Counting rhyme:** Say the rhyme, *One potato, two potatoes*.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Repeat the rhyme and point to the seven pictures of potatoes.
4. **Identifying patterns in everyday objects:** Learners find patterns on their clothes, and in the classroom.

Guiding questions:

- ★ Why do you say this is a pattern?
 - ★ What do you see that is repeated?
 - ★ What would come next in the pattern?
5. **Practising patterns:** Give each learner a colour circle card. They find others with matching cards and make groups.

Guiding questions:

- ★ What is the same/different about your cards?
- ★ Are there more/fewer red circles than green circles?
- ★ How do you know?

Guide learners with red and blue cards to stand holding their cards in the following pattern: red, red, blue, blue, red, red, blue, blue.

Learners extend the pattern.

- ★ What pattern do you see?
- ★ What other patterns can we make?

Guide learners to arrange themselves based on their suggestions.

- ★ What will come next?
 - ★ What came before?
 - ★ How can we carry on in the same way?
6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation. Learners place their cards on the maths table as they go to their workstations, according to the colour you say.

Day 3

What you need

- Rhyme: *One potato, two potatoes* (page 202)
- Tree picture with 6 leaves attached in a pattern (as described on page 104)
- 1 loose leaf
- Prestik
- 3 big and 3 small leaves
- 6 red and 4 yellow flower cut-outs

Usuku 2

Okudingayo

- Isicengcelezo: *Itapile enye, iitapile ezimbini* (iphepha 203)
- 7 imifanekiso yeetapile
- 30 amakhadi azizangqa ezinemibala

1. **Isicengcelezo sokubala:** Yenzani isicengcelezo esithi, *Itapile enye, iitapile ezimbini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Phinda isicengcelezo uze walathe imifanekiso esixhenxe yeetapile.
4. **Ukuchonga iipateni kwizinto zemihla ngemihla:** Abafundi bafumana iipateni kwiimpahla zabo, naseklasini.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Kutheni usithi yipateni nje lena?
- ★ Yintoni oyibonayo ephindaphindiweyo?
- ★ Yintoni enokulandela kule pateni?

5. **Ukuziqhelisa iipateni:** Nika umfundi ngamnye ikhadi elinesangqa esinombala. Bafumana abanye abanamakhadi ahambelana nawabo baze benze amaqela.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Amakhadi enu afana/ohlake ngantoni?
- ★ Ingaba kukho izangqa ezibomvu ezingaphezulu/ezimbalwa kunezangqa eziluhlaza?
- ★ Wazinjani?

Khokela abafundi abanamakhadi abomvu naluhlaza ukuba beme bephakamise amakhadi abo ngokwale pateni ilandelayo: bomvu, bomvu, zuba, zuba, bomvu, bomvu, zuba, zuba.

Abafundi bongeza iipateni.

- ★ Yeyiphi iipateni oyibonayo?
- ★ Zeziphi ezinye iipateni esinokuzenza?

Khokela abafundi ukuba bazihlele ngokwendlela abacebise ngayo.

- ★ Yintoni eza kulandela?
- ★ Yintoni ebingaphambili?
- ★ Singaqhubeka njani nale ndlela inye?

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye. Abafundi babeka amakhadi abo kwitafle yemathematika njengokuba besiya kwizitishi zabo zakusebenzela, ngokombala ochazwa nguwe.

Usuku 3

Okudingayo

- Isicengcelezo: *Itapile enye, iitapile ezimbini* (iphepha 203)
- 1 igqabi elizimeleyo
- Imifanekiso emithathu enamagqabi ama6
- Iprestiki
- ancanyatheliswe ngokwepateni (echazwe kwiphepha 105)
- 3 amagqabi amakhulu ne3 amagqabi amancinci
- 6 iintyatyambo ezisikwe ephepheni ezibomvu ne4 ezimthubi



TIP

Use real leaves if possible. Place these on the maths table for learners to create patterns.

1. **Counting rhyme:** Learners stand in groups of four to eight. They do the actions in the counting rhyme and game, *One potato, two potatoes*, while the whole class says the words of the rhyme together.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Look at the tree with six leaves attached in a pattern.

Guiding questions:

- ★ How many leaves are there on this tree?
- ★ How many will there be if I add one more leaf?

Add another leaf. Count the leaves together.

4. **Problem solving 1–5 using patterns:** Put four flower cut-outs in a row under the tree in the pattern red, yellow, red, yellow.

Guiding questions:

- ★ How many flowers are there?
- ★ Can you see a pattern? Tell me about the pattern.
- ★ What colour is the first/second/third/fourth flower?
- ★ What colours must I add next to carry on the pattern?
- ★ How many flowers are there now?
- ★ Are there more/fewer red flowers or yellow flowers?
- ★ If we carry on this pattern, what will it look like?

Place extra flower cut-outs on the maths table for learners to use during the day.

5. **Copying and extending patterns:** Learners create a sound and action pattern, for example: clap, pat, clap, pat.

Guiding questions:

- ★ What did you see and hear?
- ★ Is this a pattern? Why/why not?

Together repeat the pattern.

- ★ What do you notice about this pattern?
- ★ What comes after the clap?
- ★ Can you carry on?

Change the pattern, for example: hop, hop, clap, clap, hop, hop, and discuss it.

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 4

What you need

- Rhyme: *One potato, two potatoes* (page 202)
- Tree picture with 6 leaves attached in a pattern
- 7 other leaves
- Everyday objects – such as pens, pencils, books, spoons and forks – to make patterns
- 6 containers each with 30 coloured sticks (*Resource Kit*)


INGCEBISO

Sebenzisa amagqabi okwenene ukuba unako. Wabeke phezu kwetafile yemathematika ukuze abafundi benze iipateni.

1. **Isicengcelezo sokubala:** Abafundi bema emaqeleni ezine ukuya kwizibhozo. Benza iintshukumo zesicengcelezo sokubala kunye nomdlalo, *Itapile enye, iitapile ezimbini*, ngeli lixa iklasi yonke isitsho amagama esicengcelezo kunye.

2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.

3. **Ukubala izinto 1–7:** Jonga umthi onamagqabi amathandathu ancanyatheliswe ayipateni.

Imibuzo ekhokelayo:

★ Mangaphi amagqabi akulo mthi?

★ Aza kuba mangaphi ukuba ndongeza igqabi elinye?

Yongeza elinye igqabi. Ninonke balani amagqabi.

4. **Ukusombulula iingxaki 1–5 usebenzisa iipateni:** Beka amagqabi asikiweyo abe mane emgceni ngaphantsi komthi enze ipateni ethi: bomvu, mthubi, bomvu, mthubi.

Imibuzo ekhokelayo:

★ Zingapihi iintyatyambo ezikhoyo?

★ Ingaba uyayibona ipateni? Ndichazele ngepateni.

★ Inombala onjani intyatyambo yokuqala/yesibini/yesithathu/yesine?

★ Yeyiphi imibala ekufanele ndiyongeze ukuze ndiqhubeka nepateni?

★ Zingaphi iintyatyambo ezikhoyo ngoku?

★ Ingaba iintyatyambo ezibomvu zingaphezulu/zimbalwa kuneentyatyambo ezimthubi?

★ Ukuba siyaqhubeka nale pateni, iza kukhangeleka njani?

Beka ezinye iintyatyambo ezisikwe emaphepheni phezu kwetafile yemathematika ukuze bazisebenzise abafundi ebudeni bemini.

5. **Ukukhuphela nokwandisa iipateni:** Abafundi benza ipateni yesandi nentshukumo, umzekelo: qhwaba, mbambazela, qhwaba, mbambazela.

Imibuzo ekhokelayo:

★ Ingaba ubone waza weva ntoni?

★ Yipateni le? Kutheni iyiyo/ingeyiyo?

Ninonke phindani le pateni.

★ Uqaphele ntoni ngale pateni?

★ Kulandela ntoni emva kokuqhwaba?

★ Ungaqhubeka?

Tshintsha ipateni, umzekelo: ngcileza, ngcileza, qhwaba, qhwaba, ngcileza, ngcileza, nize nixoxe ngayo.

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 4

Okudingayo

- Isicengcelezo: *Itapile enye, iitapile ezimbini* (iphepha 203)
- Umfanekiso womthi onamagqabi ama6 ancanyatheliswe ngokwepateni
- 7 amanye amagqabi

- Izinto zemihla ngemihla – ezifana neepeni zokubhala, iipensile, iincwadi, amacephe neefolokhwe – ukwenza iipateni
- 6 izikhongozeli sisinye sibe nezinti ezimibalabala ezingama30 (*iKiti yeziXhobo*)

1. **Counting rhyme:** Play the counting game, *One potato, two potatoes*.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Look at the tree picture with six leaves, and the seven leaves on the mat.

Guiding questions:

- ★ Are there more/fewer leaves on the tree or on the mat?

Count the leaves together.

4. **Copying and extending patterns:** Learners identify the pattern of the leaves on the tree.

Guiding questions:

- ★ How would we carry on this pattern?

They discuss patterns they see on their clothes. Create a sound and action pattern as on Day 3.

5. **Practising patterns:** Make patterns using everyday objects, for example: koki, pencil, koki, pencil. Ask guiding questions about the pattern. Learners should describe and extend the pattern.

Learners gather in groups of five. Give each group a container with coloured sticks. Learners count six sticks each. They create their own patterns and together discuss these. Move between groups to give support.

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation. Learners place the stick patterns on the maths table as they go to their workstations.

Day 5

What you need

- Rhyme: *One potato, two potatoes* (page 202)
- String and 12 pegs
- 4 groups of instruments/sound makers (for example, bells, shakers, sticks, drums) – 1 per learner
- 3 pictures of each of the 4 sound makers

1. **Counting rhyme:** Play the counting game, *One potato, two potatoes*.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place a group of seven shakers and a group of seven bells on the mat.

Guiding questions:

- ★ How many instruments do you think there are in this group?
- ★ And in this group?
- ★ Which group do you think has more/fewer?

Count the instruments together.

- ★ Who said the correct number?



TIP

Use objects such as yoghurt cups, sticks and blocks if you do not have instruments.

1. **Isicengcelezo sokubala:** Dlalani umdlalo, *Itapile enye, iitapile ezimbini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Jonga kumfanekiso womthi onamagqabi amathandathu, kunye namagqabi asixhenxe asemethini.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba kukho amagqabi angaphezulu/ambalwa emthini okanye emethini?

Balani amagqabi nikunye.

4. **Ukukhuphela nokwandisa iipateni:** Abafundi balatha ipateni yamagqabi asemthini.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ungaqhubeka njani nale pateni?

Baxoxa ngeepateni abazibona ezimpahleni zabo. Yenzani ipateni yezandi nentshukumo njengeyoSuku 3.

5. **Ukuziqhelisa iipateni:** Yenza iipateni usebenzisa izinto zemihla ngemihla, umzekelo: ikhoki, ipensile, ikhoki, ipensile. Buza imibuzo ekhokelayo ngale pateni. Abafundi kufuneka bachaze baze bongeze ipateni.

Abafundi baqokelelana babe ngamaqela oontlanu. Nika iqela ngalinye isikhongozeli esinezinti ezimibalabala. Abafundi babala izinti ezintandathu emnye kubo. Benza ezabo iipateni nize nixoxe ngazo ninonke. Hambahamba phakathi kwamaqela uwanike inkxaso.

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye. Abafundi babeka iipateni zezinti etafileni yemathematika njengokuba besiya kwizitishi zabo.

Usuku 5

Okudingayo

- Isicengcelezo: *Itapile enye, iitapile ezimbini* (iphepha 203)
- Umtya kunye neephegi ezili12
- 4 amaqela ezixhobo/ezinto zokwenza isandi (umzekelo, iintsimbi, inkatshaza, izinti, amagubu) – 1 kumfundi ngamnye
- 3 imifanekiso yento nganye kwezi4 zokwenza isandi

1. **Isicengcelezo sokubala:** Dlalani umdlalo, *Itapile enye, iitapile ezimbini*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka emethini iqela elinezinto ezikhahlazayo ezisixhenxe kunye neqela leentsimbi ezisixhenxe.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi izixhobo ocinga ukuba zikho kweli qela?
- ★ Kweli iqela lona?
- ★ Leliphi iqela ocinga ukuba linezingaphezulu/ezimbalwa?

Balani izixhobo ninonke.

- ★ Ngubani obize inani elichanekileyo?



Sebenzisa izinto ezifana neekomityi zeyogathi, izinti neebhloko xa ungenazo izixhobo zomculo.

Add two other groups of instruments. Learners fetch instruments and all the learners with the same instruments sit next to each other in the circle.

Guiding questions:

- ★ If there are seven shakers, how many learners should we count for each learner to have one?
- ★ How many learners are left who don't have an instrument? (For the last group.) Give these learners an instrument.

4. **Sound patterns:** Show learners four picture cards of the four instrument groups. They play their instruments as you show these cards, one at a time. Place the cards on the washing line in different patterns for them to follow. They play as you point.

Guiding questions:

- ★ What pattern do you see?
- ★ How will this pattern continue?
- ★ Which picture comes next?
- ★ Which group will play first/last in this pattern?

5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.



TIP

Ask learners to keep their hands in their laps with their instruments on the floor in front of them. They must not wake them up until all learners have an instrument.

Integration

Home Language and Life Skills: Art activities that focus on pattern (for example: rhythmic patterns, low and high sound patterns, making and decorating picture frames), drawing patterns that develop fine motor skills as part of Emergent Handwriting.

Small group activities

Teacher-guided activity

What you need

- Number washing line with cards 1–5 in the incorrect order
- 2 plastic lids/paper plates per learner
- Unifix blocks sorted by colour into containers
- A tub per learner each with:
 - Structure beads
 - 5 Unifix blocks
 - A Unifix block pattern card

1. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
2. **Practising 5; structure beads:** Learners use the beads from their tubs.

Guiding questions:

- ★ Are there the same number of red and yellow beads? How do you know?
- ★ Count the red beads. How many are there?



Yongeza amanye amaqela ezixhobo amabini. Abafundi balanda izixhobo baze bonke abafundi abanezixhobo ezifanayo bahlale kunye, omnye ecaleni komnye, apha esangqeni.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ukuba kukho iinkatshaza ezisixhenxe, bangaphi abafundi ekufanele sibabale ukuze umfundi emnye abe nenye?
- ★ Bangaphi abafundi abashiyekileyo abangenaso isixhobo? (Abeqela lokugqibela.) Nika aba bafundi isixhobo.

 **INGCEBISO**

Cela abafundi ukuba babeke izandla zabo emathangeni abo zize izixhobo zabo zibe phantsi phambi kwabo. Mabangaziphakamisi de babe bonke abafundi banezixhobo.

4. **lipateni zesandi:** Bonisa abafundi amakhadi anemifanekiso namaqela ezixhobo amane. Badlala ngezixhobo zabo njengokuba ubabonisa amakhadi, libe linye ngexesha. Yaneka amakhadi elucingweni ngokweepateni ezahlukileyo abaza kuzilandela. Bayadlala njengokuba usalatha.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ubona yiphi ipateni?
- ★ Iza kuqhubeka njani le pateni?
- ★ Ngowuphi umfanekiso olandelayo?
- ★ Leliphi iqela eliza kudlala kuqala/mva kule pateni?

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Udityaniso

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi: Imisebenzi yezobuGcisa egxile kwipateni (umzekelo: iipateni zezandi, iipateni eziphakamileyo nezehlileyo, ukwenza nokuhombisa iifreyimu zemifanekiso), ukuzoba iipateni ezikhulisa izihlunu njengenxalenye yokuBhala okusaHlumayo.

Imisebenzi yamaqela amancinci

Umsebenzi okhokelwa ngutitshala

Okudingayo

- Ucingo lokwaneka amanani elinamakhadi 1–5 angalandelelani kakuhle
- 2 iziciko zeplastiki/iipleyiti zephepha kumfundi ngamnye
- Iibhloko zeUnifix ezibekwe ngokwemibala kwizikhongozeli
- Isitya somfundi ngamnye esiqulethe:
 - Amaso okuhlela
 - 5 iibhloko zeUnifix
 - Ikhadi lepateni yebhloko yeUnifix

1. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
2. **Ukuziqhelisa no5; amaso okuhlela:** Abafundi basebenzisa amaso aseziyeni zabo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba amaso abomvu namthubi alinani elilinganayo? Wazi njani?
- ★ Balani amaso abomvu. Mangaphi akhoyo?



- ★ Count the yellow beads. How many are there?
- ★ Show me two. Show me one more bead. Show me one less.
- ★ Hold four beads. How many more beads do you need to show five?

Learners count on to five, starting at different numbers. For example, they hold three beads and count from there up to five.

3. **Practising 1–5; number line:**

Together look at the number cards 1–5 on the washing line.

Guiding questions:

- ★ What do we need to do to put these numbers in the correct order?
- ★ Which card should come first, second, third, fourth and fifth?
- ★ Which number is before/after 4?



4. **Practising 1–5; Unifix blocks:**

Learners each count five Unifix blocks. They shake and break these onto the two lids in front of them.

Guiding questions:

- ★ How can you make both of your lids have the same number of blocks?
- ★ Do you need more blocks to make this happen?
- ★ Is there another way?
- ★ What will happen if I take one of your blocks away from this lid? Will your groups still be the same/equal?

Take a block from a lid from each of the learners.

- ★ What do you need to do to make your groups the same/equal again?

5. **Practising patterns:** Create a pattern using Unifix blocks. Discuss the pattern with the learners. Place containers with Unifix blocks on the mat. Learners use the Unifix blocks to copy the pattern. Learners work with a partner to create a Unifix block pattern. Each learner chooses a colour they want to add.

They take turns adding a colour to extend the pattern. Learners use the Unifix blocks and copy pattern cards.

Guiding questions:

- ★ What pattern do you see on your card?
- ★ How can you continue this pattern?
- ★ How many of each colour block do you need to use for each part of this pattern?

6. **Creating and explaining patterns:** Learners create their own pattern using the Unifix blocks. They explain their pattern to the group.

Guiding questions:

- ★ Can you tell us about your pattern?
- ★ Can you explain what you have repeated?

- ★ Balani amaso amthubi. Mangaphi akhoyo?
- ★ Ndibonise amabini. Ndibonise elinye kwakhona. Thabatha libe linye undibonise.
- ★ Phakamisa amaso amane. Kufuneka wongeze amangaphi ukwenza untlanu?

Abafundi babala baye kutsho kuntlanu, beqala kumanani ohlukeneyo. Umzekelo, baphakamisa amaso amathathu baze babale ukusuka apho ukuya kuntlanu.

3. **Ukuziqhelisa 1–5; umgca-manani:**

Ninonke jongani kumakhadi amanani 1–5 aselucingweni lokwaneka.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Kufuneka wenze ntoni ukuze la manani alandelelane ngokuchanekileyo?
- ★ Leliphi ikhadi ekufanele libe lelokuqala, lesibini, lesine nelesihlanu?
- ★ Leliphi inani eliphambi/elisemva kuka4?



4. **Ukuziqhelisa 1–5; iibhloko zeUnifix:**

Emnye umfundi ubala iibhloko zeUnifix ezintlanu. Bayazihlukuhla baze bazichithele phezu kweziciko ezimbini eziphambi kwabo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ungazenza njani iziciko zakho zibe nenani leebhloko elilinganayo?
- ★ Ingaba udinga ezinye iibhloko ukuze ukwenze oko?
- ★ Ingaba ikhona enye indlela?
- ★ Kuza kwenzeka ntoni ukuba ndithatha ibe nye kwiibhloko zakho ezikwesi siciko? Ingaba amaqela akho aza kuhlala efana/elingana?

Thatha ibhloko kwisiciko somfundi ngamnye.

- ★ Kufuneka wenze ntoni ukwenza amaqela akho afane/alingane kwakhona?

5. **Ukuziqhelisa iipateni:** Yenza ipateni usebenzisa iibhloko zeUnifix.

Xoxani nabafundi ngale pateni. Beka emethini izikhongozeli ezineebhloko zeUnifix. Abafundi basebenzisa iibhloko zeUnifix ukuze bakhuphele le pateni. Abafundi basebenza ngambini ukuze benze ipateni yeebhloko zeUnifix. Umfundi ngamnye ukhetha umbala afuna ukuwongeza.

Bayatshintshana ngokongeza umbala ukuze bongeze ipateni. Abafundi basebenzisa iibhloko zeUnifix baze bakhuphele amakhadi epateni.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Yeyiphi ipateni oyibonayo kweli khadi lakho?
- ★ Ungaqhubeka nayo njani le pateni?
- ★ Zingaphi iibhloko zombala ngamnye ekufuneka uzisebenzisile kwinxenye nganye yale pateni?

6. **Ukwenza nokucacisa iipateni:** Abafundi benza ezabo iipateni besebenzisa iibhloko zeUnifix. Bacacisela iqela ngeepateni zabo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ungasichazela ngepateni yakho?
- ★ Ungasicacisela ukuba uyiphindaphinde njani?



Check that learners are able to:

- count orally 1–20 and 7–1
- count on between 1 and 5, using the structure beads
- order numbers 1–5
- make groups the same/equal up to 5
- identify, copy and extend patterns
- create and explain their own patterns



Workstation 1

What you need

- A shape pattern sheet per learner
- Pencil crayons

Learners extend patterns. If drawing is a challenge, let learners use the attribute blocks from the *Resource Kit*.



Workstation 2

What you need

- 1 snake template (see page 104)
- 1 shape pattern sheet per learner

Learners cut and paste the shapes in a pattern on the snake.

Workstation 3

What you need

- Unifix block pattern cards
- Unifix blocks

Learners use Unifix blocks to copy patterns.

Workstation 4

What you need

- A tub per learner with:
 - Threading beads and string
- Bead pattern cards

Learners string beads according to the pattern cards.





Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-:

- bala ngomlomo 1–20 no7–1
- bala beqhubeka phakathi kuka1 no5, besebenzisa amaso okuhlela
- landelelanisa amanani 1–5
- enza amaqela afanayo/alinganayo ukuya kutsho ku5
- chonga, akhuphele aze andise iipateni
- enza nokucacisa ezabo iipateni



Isitishi sokusebenzela 1

Okudingayo

- Iphepha elinepateni yemilo kumfundi ngamnye
- Iikhrayoni ezizipensile

Abafundi bandisa iipateni. Ukuba kunzima ukuzoba, vumela abafundi basebenzise iibhloko zeathribhyuthi ezikwi*Kiti yeziXhobo*.



Isitishi sokusebenzela 2

Okudingayo

- 1 ithempleyithi yenyoka (jonga iphepha 105)
- 1 uxwebhu lwemilo yepateni kumfundi ngamnye

Abafundi basika baze bancamathelise iimilo kwipateni esenyokeni.

Isitishi sokusebenzela 3

Okudingayo

- Amakhadi epateni yebhloko ye*Unifix*
- Iibhloko ze*Unifix*

Abafundi basebenzisa iibhloko ze*Unifix* ukukhuphela iipateni.

Isitishi sokusebenzela 4

Okudingayo

- Isitya somfundi ngamnye esiqulethe:
 - Amaso okuhlela nomtya
 - Amakhadi eepateni zamaso



Content Area Focus: Data Handling

Topics

- Collect and sort objects
- Represent sorted collections of objects
4. **Practising direction – backwards, forwards:** Learners follow a simple obstacle course outdoors, for example, moving over, under, around, between, along, through, in and out. They follow directions to move forwards and backwards on the course.
5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.



TIP

Learners cross their midline when following instructions, like touch your foot with your opposite hand, or touch your shoulder with your opposite hand.



Integration

Home Language and Life Skills: Play a game of musical shapes. Place large shape cut-outs in a circle on the floor. Learners step from shape to shape when the music plays. When it stops, they say what shape they are standing on.

5. **Ukuziqhelisa iimilo:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka ibhloko yeathribhyuthi enonxantathu, enesangqa nenesikwere emva kwabafundi abathathu. Umfundi omnye uyatsiba ejikeleza abafundi abahleliyo njengokuba ikhosi icula ingoma ethi, *Ndingenza ntoni?* Uchola ibhloko yeathribhyuthi echanekileyo ngasemva komfundi aze ayibeke emva komnye umfundi. Kuphinde oku ngabanye abafundi.
6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 5

Okudingayo

- Ingoma: *Ndingenza ntoni?* (iphepha 205)
- Iihulahupu, iibhokisi, izitulo nezinye izinto eziza kusetyenziswa ukwenza umzila wemiqobo

1. **Ingoma:** Abafundi bacula ingoma, *Ndingenza ntoni?* njengokuba nidlala umdlalo ngokuchazwe kuSuku 4, umsebenzi 5. Khetha abanye abafundi abohlukileyo kwabo bebedlale lo mdlalo kuSuku 4.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Qhwaba izandla nakangaphi na ukususela ku1 ukuya ku7. Abafundi babala ukuba kuqhwatywe kangaphi.
4. **Ukuziqhelisa isalathiso – ukubuya umva, ukuya phambili:** Abafundi balandela umzila wemiqobo olula ophandle, umzekelo, ukugqitha, ngaphantsi, jikela, phakathi, ecaleni, nqumla, phakathi naphandle. Balandela izalathiso ukuya phambili nokubuya umva.
5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

INGCEBISO

Abafundi banqumla embindini wabo xa belandela imiyalelo, efana nokubamba iinyawo zabo ngesandla selinye icala, okanye ukubamba igxalaba ngesandla selinye icala.



Udityaniso

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi: Dlalani umdlalo womculo weemilo. Beka phantsi iimilo ezinkulu ezisikiweyo zesangqa. Abafundi banyathela ukusuka kwimilo baye kwenye ngelishesha kukhala umculo. Xa uthula, bachaza ukuba yeyiphi le milo bemi kuyo.

Small group activities

Teacher-guided activity

What you need

- 24 attribute blocks (triangle, circle, square)
- Sticks (*Resource Kit*)
- A tub for each learner with:
 - 7 plastic/cardboard shapes (triangles, circles, squares)
 - 1 small car or animal counter

1. **Counting objects 1–7:** Place 24 attribute blocks on the mat. Learners take turns to each count seven attribute blocks. They count how many of each shape they have in their group of seven attribute blocks.

Guiding questions:

- ★ Which shape does _____ have one of/two of?

2. **Practising shapes; creating images:** Place attribute blocks on the mat to make an image. Learners copy the image using their attribute blocks.

Guiding questions:

- ★ Do you have all the shapes you need for this?
- ★ Which shapes are you missing?
- ★ How many of each of these do you need?



TIP

Learners practise crossing the midline by having their shapes on one side of their body and building their shape image on the other side.



Learners use the attribute blocks and cardboard shapes from their tubs to create their own image.

- ★ What shapes did you use?
 - ★ Why did you use a triangle for a hat?
 - ★ What if we added this circle here?
 - ★ How many shapes did you use?
 - ★ Who used the most circles?
 - ★ Is there anyone who doesn't have a square?
3. **Practising shapes; using sticks:** Create a triangle or square using coloured sticks. Discuss it with the learners. Cover it and ask them to copy it. Repeat the activity, varying the size of the shape. Attempt to create a circle with the sticks.

Imisebenzi yamaqela amancinci

Umsebenzi okhokelwa ngutitshala

Okudingayo

- 24 iibhloko zeathribhyuthi (unxantathu, isangqa, isikwere)
- Izinti (*iKiti yeziXhobo*)
- Isitya somfundi ngamnye esiqulethe:
 - 7 iimilo zeplastiki/zekhadibhodi (oonxantathu, izangqa, izikwere)
 - 1 isixhobo sokubala esiyimoto okanye esisisilwanyana

1. **Ukubala izinto 1–7:** Beka emethini iibhloko zeathribhyuthi ezi24. Abafundi bayatshintshana ngokubala iibhloko zeathribhyuthi ezisixhenxe. Babala ukuba kwiqela labo baneemilo ezingaphi kwezi bhloko zeathribhyuthi zisixhenxe.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Yeyiphi imilo e_____ enye/ezimbini zayo?

2. **Ukuziqhelisa iimilo; ukwenza imifanekiso:** Beka iibhloko zeathribhyuthi emethini wenze umfanekiso. Abafundi bakhuphela umfanekiso besebenzisa iibhloko zeathribhyuthi.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba unazo zonke iimilo ozidingayo ukuze wenze oku?
- ★ Zeziphi iimilo ongenazo?
- ★ Zingaphi ozidingayo kwimilo nganye?

INGCEBISO

Abafundi baziqhelisa ukunqumla embindini ngokubeka iimilo zabo kwelinye icala lemizimba yabo baze bakhe umfanekiso wemilo kwelinye icala.



Abafundi basebenzisa iibhloko zeathribhyuthi kunye neemilo zekhadibhodi ezisezityeni zabo ukwenza eyabo imifanekiso.

- ★ Usebenzise ziphi iimilo?
 - ★ Kutheni usebenzise unxantathu ukwenza umnqwazi?
 - ★ Bekuza kwenzeka ntoni ukuba besifake esi sangqa apha?
 - ★ Usebenzise iimilo ezingaphi?
 - ★ Ngubani osebenzise ezona zangqa zininzi?
 - ★ Ukhona umntu ongenasikwere?
3. **Ukuziqhelisa iimilo; ukusebenzisa izinti:** Yenza unxantathu okanye isikwere usebenzisa izinti ezinemibala. Xoxa ngayo nabafundi. Yoggume uze ubacele ukuba bayikhuphele. Wuphinde lo msebenzi, uze utshintshe ubungakanani bemilo. Zama ukwenza isangqa ngezinti.

Guiding questions:


- ★ Does this look like a circle? Why do you think so/not?
- ★ Could you make a circle in any other way? (Trace around a cup.)



TIP

Encourage the use of position and direction vocabulary.

4. **Directions and position:** Learners use the sticks to create their own shapes. They follow instructions using the car or animal counter from their tubs. For example: 'Move the car/animal forwards around your shapes, backwards in between your shapes, forwards over the green/blue/yellow stick, reverse to park/stand inside a shape.' Ask each learner to give an instruction to the group.



Check that learners are able to:

- copy images made with shapes
- create images using shapes and respond to related questions
- respond to instructions with different directions and positions

Workstation 1

What you need

- 40 cardboard circles, triangles and squares
- 30 other shapes (for example, rectangle, kite, oval)
- 4 labelled containers – 1 with a circle, 1 with a square, 1 with a triangle, 1 with a picture of the 3 shapes with a cross through them (see page 138)

Learners sort shapes into the 4 labelled containers. They create their own images using the shapes.




Khuthaza
ukusetyenziswa
kwesigama sendawo
nesalathiso.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba le nto ifana nesangqa? Kutheni ucinga/ungacingi ngolo hlobo?
- ★ Ingaba ungasenza nanjani na isangqa? (Treyisa ujikeleze ikomityi.)

4. **Isalathiso nendawo:** Abafundi basebenzisa izinti ukwenza ezabo iimilo. Balandela imiyalelo besebenzisa izixhobo zokubala ezizimoto okanye ezizilwanyana abazithathe kwizitya zabo. Umzekelo: 'Hambisa imoto/isilwanyana siye phambili sijikeleza kwiimilo zakho, sibuye umva phakathi kweemilo zakho, siye phambili ngaphezu koluthi oluluhlaza/oluzuba/olumthubi, sibuye umva siye kupaka/siye kuma phakathi kwemilo.' Cela umfundi ngamnye ukuba anike iqela imiyalelo.



Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku:-

- khuphela imifanekiso eyenziwe ngeemilo
- enza imifanekiso besebenzisa iimilo baze baphendule imibuzo ebuziweyo
- landela imiyalelo ngezalathiso neendawo ezahlukileyo

Isitishi sokusebenzela 1

Okudingayo

- 40 izangqa, oonxantathu nezikwere zekhadibhodi
- 30 ezinye iimilo (umzekelo, uxande, ikayiti, mboxo)
- 4 izikhongozeli ezineleyibheli – 1 enesangqa, 1 enesikwere, 1 enonxantathu, 1 enomfanekiso wemilo ezi3 ezinomnqamlezo phakathi kuzo (jonga iphepha 139)

Abafundi bahlela iimilo ngokwezikhongozeli ezi4 ezineleyibheli. Benza eyabo imifanekiso besebenzisa iimilo.

Workstation 2



What you need

- Wooden blocks (triangle-, square- and circle-shaped)
- Playdough
- 1 plastic knife or stick (*Resource Kit*) per learner

Learners press the playdough flat. They cut around the blocks and create images with their shapes.



Use other objects if you don't have blocks, for example, tiles, plastic cups or rulers, to create shapes such as triangles, circles and squares.

Workstation 3

What you need

- Masking tape/hula hoops
- Unifix blocks/Duplo/wooden blocks

Use hula hoops and masking tape to make shapes on the floor. Learners place blocks along the hoops and tape.



Workstation 4

What you need

- 1 shape board per learner (see page 138)
- Matching shape cut-outs

Learners match shapes to those on their boards. They swap boards once they have finished.

Isitishi sokusebenzela 2



Okudingayo

- Iibhloko zeplanga (ezimile okwesangqa, isikwere nonxantathu)
- Intlama yokudlala
- 1 imela yeplastiki okanye uluthi (*iKiti yeziXhobo*) kumfundi ngamnye

Abafundi bacinezela intlama yokudlala ibe mcaba. Basika bajikeleze iibhloko baze benze imifanekiso ngeemilo zabo.



INGCEBISO

Sebenzisa ezinye izinto ukuba awunazo iibhloko, umzekelo, iithayile, iikomityi zeplastiki okanye iirula, ukwenza iimilo ezifana noonxantathu, izangqa nezikwere.

Isitishi sokusebenzela 3

Okudingayo

- Itheyiphu yokuncamathelisa/ iihulahupu
- Iibhloko ze*Unifix/Duplo*/iibhloko zeplanga

Sebenzisa iihulahupu netheyiphu yokuncamathelisa ukwenza iimilo phantsi. Abafundi babeka iibhloko ecaleni kweehulahupu neteyiphu.



Isitishi sokusebenzela 4

Okudingayo

- 1 ibhodi yemilo kumfundi ngamnye (jonga iphepha 139)
- Iimilo ezihambelanayo ezisikiweyo

Abafundi batshatisa iimilo nezo zisezibhodini zabo. Batshintshiselana ngeebhodi bakugqiba.

Content Area Focus:

Measurement

Topics

- Length – compare and order objects using appropriate vocabulary

New knowledge

- Measuring and comparing: length (long, longer, longest; short, shorter, shortest)

Practise

- Oral counting 1–20 and 7–1
- Counting objects 1–7
- Estimation 1–7
- Length: tall, short

New maths vocabulary

long

short

longer

longest

length

Getting ready

For the activities this week, you will need to prepare the following:

- pictures of 4 long worms and 3 short worms
- 4 × 20–30 cm long, and 3 shorter playdough worms
- a length of string per learner and learners' names
- scarves, ribbons, belts, shoelaces, string – 7 of each, all different lengths
- lengths of cardboard that should all be the same width, but different lengths – 1 per learner
- strips of coloured paper of the same width, but different lengths – 10 per learner
- A4 page per learner with line down the middle; a short strip pasted to the top of one side and a long strip pasted to the top of the other side
- A3/A4 page per learner with a different length worm on each
- A4 page per learner with 5 lines of different lengths running across the page.


TIP

Place various items from nature on the maths table during the week, for example, feathers, sticks, leaves. These can be used for measuring and ordering.

Whole class activities

Day 1

What you need

- Song: *Long and short* (page 204)
- 7 worm pictures
- 7 playdough worms
- 1 A3 page
- 2 A4 pages
- Term 1 height chart
- String and names for one group of learners

1. **Song:** Sing the song, *Long and short* with pictures.

INkalo yomXholo ekuGxininiswa kuyo: Umlinganiselo

Izihloko

- Ubude – thelekisa uze ulandelelanise izinto usebenzisa isigama esifanelekileyo

Ulwazi olutsha

- Ukulinganisa nokuthelekisa: ubude (nde, nde kune-, nde kunazo zonke; mfutshane, mfutshane kune-, mfutshane kunazo zonke)

Ziqhelise

- Ukubala ngomlomo 1–20 no7–1
- Ukubala izinto 1–7
- Uthekelelo 1–7
- Ubude: de, futshane

Isigama esitsha semathematika

de

futshane

de kune-

de kunazo zonke

ubude

Ukulungela

Kwimisebenzi yale veke, kuza kufuneka ulungise oku kulandelayo:

- imifanekiso yemisundululu emi4 emide kunye nemi3 emifutshane
- $4 \times 20\text{--}30$ cm ubude, ne3 imisundululu emifutshane eyenziwe ngentlamba yokudlala
- ubude bomsondo bomfundi ngamnye namagama abafundi
- izikhafu, iiribhoni, amabhanti, imitya yezihlangu, imisonto – 7 sento nganye, zonke zibe nobude obahlukeneyo
- ubude beekhadibhodi ezilinganayo zonke ngobubanzi, kodwa zibe nobude obahlukileyo – 1 kumfundi ngamnye
- imicu yephepha elinombala elingangayo ngobubanzi, angalinganiyo ngobude – 10 kumfundi ngamnye
- iphepha elinguA4 kumfundi ngamnye elinomgca olahlula phakathi; umcu omfutshane oncanyatheliswe phezulu kwicala elinye nomcu omde oncanyathiselwe phezulu kwelinye icala
- iphepha elinguA3/A4 kumfundi ngamnye elinomsundululu ongalinganiyo ngobude kwiphepha ngalinye
- iphepha elinguA4 elinemigca emi5 enqumlezileyo engalinganiyo ngobude kumfundi ngamnye.

INGCEBISO

Beka izinto ezahlukileyo zendalo etafileni yemathematika phakathi evekini, umzekelo, iintsiba, izinti, amagqabi. Ezi zinto zisenokusetyenziselwa ukwenza imilinganiselo nokuhlela.

Imisebenzi yeklasi yonke

Usuku 1


Okudingayo

- Ingoma: *Ende nemfutshane* (iphepha 205)
- 7 imifanekiso yemisundululu
- 7 imisundululu yokudlala
- 1 iphepha elinguA3
- 2 amaphepha anguA4
- Itshathi yobude yeKota 1
- Umsonto namagama eqela elinye labafundi

1. **Ingoma:** Culani ingoma ethi, *Ende nemfutshane*, nisebenzisa imifanekiso.

2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:**

Learners sit in a circle. Look at the seven playdough worms on an A3 page.



Guiding questions:

- ★ How many worms do you think there are?

Count the worms together.

4. **Long and short:** Place a long and a short worm on an A4 page.

Guiding questions:

- ★ What is the same/different about these worms?
- ★ What else can you see in our classroom that is long/short?
- ★ How can we find out if an object is longer or shorter than another object?
- ★ What are some of the different ways we can measure objects?

5. **Reinforcing length:** Look at the height chart from Term 1. Measure the height of one group of learners and add their measurements to the height chart. Discuss and compare similarities and differences in learners' heights.

Guiding questions:

- ★ Is your height the same as the last time we measured you, or are you taller than you were?
- ★ How can we find out how tall you are?
- ★ Is there another way?

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.



TIP

Remember to measure from the ground to the top of the learner's head. Measure one group each day.

Day 2

What you need

- Song: *Long and short* (page 204)
- 7 worm pictures
- String and names for one group
- Sticks (*Resource Kit*)
- Scarves, ribbons, belts, shoelaces, string – 7 of each, all different lengths
- Masking tape/chalk

1. **Song:** Sing the song, *Long and short* with pictures.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Display seven belts and six scarves in two separate groups.

Guiding questions:

- ★ How many belts/scarves do you think there are in each group?
- ★ Do you think each group has an equal number of objects?

Count the belts and scarves and discuss.

- ★ What do we need to do to make the groups equal? (Add one more scarf.)



INGCEBISO
 Khumbula ukuthatha imilinganiselo ukusuka phantsi emhlabeni ukuya kutsho phezulu entloko. Thatha imilinganiselo yeqela elinye qho ngosuku.

2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Jonga imisundululu yokudlala esixhenxe ekwiphepha elinguA3.
Imibuzo ekhokelayo:
 - ★ Ucinga ukuba mingaphi imisundululu ekhoyo?
Balani imisundululu ninonke.
4. **Ende nemfutshane:** Beka umsundululu omfutshane nomde kwiphepha elinguA4.
Imibuzo ekhokelayo:
 - ★ Yintoni efana/eyahluke ngayo le misundululu?
 - ★ Yintoni enye oyibonayo apha eklasini ende/emfutshane?
 - ★ Singafumanisa njani ukuba into inde okanye imfutshane kunenye?
 - ★ Zeziphi ezinye iindlela ezahlukeyo esinokwenza ngazo imilinganiselo yezinto?
5. **Ukubethelela kubude:** Jonga kwitshathi yobude ethathwe kwiKota 1. Yenza umlinganiselo wobude beqela labafundi uze ufake imilinganiselo yobude yabo kwitshathi yobude. Xoxa uze uthelekise ukufana nokwahluka kubude babafundi.
Imibuzo ekhokelayo:
 - ★ Ingaba ubude bakho buyafana nobuya sasibuthathe umlinganiselo okanye umde kunakuqala?
 - ★ Singafumanisa njani ukuba umde kangakanani?
 - ★ Ingaba ikhona enye indlela?
6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 2

Okudingayo

- Ingoma: *Ende nemfutshane* (iphepha 205)
- 7 imifanekiso yemisundululu
- Umsonto namagama eqela elinye
- Izinti (*iKiti yeziXhobo*)
- Izikhafu, iiribhoni, amabhanti, imitya yezihlangu, umsonto – 7 yento nganye, zonke zingalingani ngobude
- Itheyiphu yokuncamathelisa/itshokhwe

1. **Ingoma:** Culani ingoma ethi, *Ende nemfutshane* nemifanekiso.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Bonisa ngamabhanti asixhenxe kunye nezikhafu ezintandathu kumaqela amabini ohlukileyo.
Imibuzo ekhokelayo:
 - ★ Ucinga ukuba mangaphi amabhanti/izikhafu ezikhoyo kwiqela ngalinye?
 - ★ Ingaba ucinga ukuba iqela ngalinye linenani elilinganayo lezinto?
Balani amabhanti nezikhafu nize nixoxe.
 - ★ Kufuneka senze ntoni ukuze la maqela alingane? (Yongeza isikhafu sibesinye.)

Count the items again. Put them in two rows, matching the belts and scarves to show that each group has the same number of objects.

4. **Exploring length:** Display the scarves, ribbons, belts, shoelaces and string.

Guiding questions:

- ★ How did you measure your objects (in Day 1)?

Learners compare the length of the scarves, ribbons, belts, shoelaces and string by placing them next to each other and discussing which is longer/shorter.

- ★ How do you know that one is short and one is long?
- ★ Can you use your hand/foot/a stick to measure your object?

Learners sit in five groups. They measure scarves, belts and so on, and discuss length using hands/feet/sticks.



Use masking tape or draw a line with chalk. Learners place the items on the line and arrange them from longest to shortest.

- ★ Why did we put all the belts and scarves on the line when we arranged them from longest to shortest?

5. **Height chart:** Measure the next group of learners and add their measurements to the height chart.
6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 3



TIP

If there is not enough time to complete measuring the learners' height and adding the measurements to the height chart, continue to do this at other times in the daily programme, for example, at snack time.

What you need

- Song: *Long and short* (page 204)
- 7 worm pictures
- 7 wooden sticks of different lengths
- 23 coloured plastic sticks (*Resource Kit*)
- String and names for one group of learners
- Lengths of cardboard of the same width and different lengths – 1 per learner
- Masking tape/chalk

1. **Song:** Sing the song, *Long and short* with pictures.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place seven coloured plastic sticks (from the *Resource Kit*) and the seven wooden sticks on the mat in two separate groups.

Balani izinto kwakhona. Zibeke zibe yimiqolo emibini, utshatisa amabhanti nezikhafu ukubonisa ukuba iqela ngalinye linezinto ezilinganayo.

4. **Ukuhlola ubude:** Bonisa ngezikhafu, iiribhoni, amabhanti, imitya yezihlangu nemisonto.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Uzilinganise njani izinto zakho (kuSuku 1)?

Abafundi bathelekisa ubude bezikhafu, iiribhoni, amabhanti, imitya yezihlangu nemisonto ngokuzibeka enye ecaleni kwenye nangokuxoxa ngokuba yeyiphi ende kunenye/emfutshane kunenye.

- ★ Wazi njani ukuba enye imfutshane ize enye ibende?
- ★ Ungasebenzisa isandla/unyawo/uluthi lwakho ukwenza umlinganiselo wento?

Abafundi bahlala babe ngamaqela amahlanu. Benza imilinganiselo yezikhafu, amabhanti, njalo njalo, baze baxoxe ngobude besebenzisa izandla/iinyawo/izinti.



Sebenzisa iteyiphu yokuncamathisela okanye zoba umgca ngetshokhwe. Abafundi babeka izinto emgceni baze bazihlele ukusuka kweyona inde ukuya kweyona imfutshane.

- ★ Kutheni sibeke amabhanti nezikhafu emgceni xa besihlele ukusuka kweyona inde ukuya kweyona imfutshane?

5. **Itshathi yobude:** Linganisela iqela labafundi elilandelayo uze ufake imilinganiselo yabo kwitshathi yobude.
6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

INGCEBISO

Ukuba ixesha alaneli ukugqiba ukwenza imilinganiselo yobude babafundi kwanokuyifaka kwitshathi yobude, qhubeka noku ebudeni benkqubo yosuku, umzekelo, kungaqhutyekwa ngexesha lekhefu.

Usuku 3

Okudingayo

- Ingoma: *Ende nemfutshane* (iphepha 205)
- 7 imifanekiso yemisundululu
- 7 izinti zeplanga ezingalinganiyo ngobude
- 23 izinti zeplastiki ezimibalabala (*iKiti yeziXhobo*)
- Umsonto namagama eqela elinye labafundi
- Ubude bekhadibhodi elinganayo ngobubanzi nenobude obungalinganiyo – 1 kumfundi ngamnye
- Itheyiphu yokuncamathelisa/itshokhwe

1. **Ingoma:** Culani ingoma ethi, *Ende nemfutshane* nemifanekiso.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka izinti zeplastiki ezimibalabala ezisixhenxe emethini (athathwe kwi*Kiti yeziXhobo*) kunye nezinti zeplanga ezisixhenxe zibe ngamaqela amabini.

Guiding questions:

- ★ How many sticks do you think there are in each of these groups?

Count the sticks and discuss.
Compare the lengths of the sticks.

- ★ What do you think we could measure in our classroom with the short plastic sticks/longer wooden sticks?
- ★ Why?

Learners measure objects in the classroom with sticks.



4. **Reinforcing measurement – length:** Discuss the items that learners measured with sticks.

Guiding questions:

- ★ What did you find in the classroom that is long/short?
- ★ Whose object was longest/shortest?
- ★ What object can you think of outside of our classroom that is long/short?

Place the cardboard strips in the middle of the mat. Show the learners two of the strips.

- ★ Which of these two strips is long/short?

Repeat with two other strips.

Learners each fetch one strip from the middle of the mat. Put one strip down as a guide.

- ★ If we want to arrange our strips according to length from shortest to longest what do we need to do?
- ★ How should we line them up?



Line the strips up alongside a masking tape or a chalk line. Learners take turns to place their strips from shortest to longest. Remind learners why it is important to align the ends of the strips with the bottom of the masking tape/chalk line when measuring. They estimate where their strip will go, and help each other if a strip needs to be moved.

- ★ What do you think about where _____ has put their strip?
- ★ Should we move _____'s strip? Why?

5. **Height chart:** Measure the next group of learners and add their measurements to the height chart.
6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.



Use questions to guide the learners to problem solve around the arrangement of the strips.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ucinga ukuba zingaphi izinti kwiqela ngalinye kula?
Balani izinti nize nixoxe. Thelekisa ubude bezinti.
- ★ Ucinga ukuba yintoni esinokwenza imilinganiselo yayo apha eklasini yethu sisebenzisa izinti zeplastiki ezincinci/izinti zeplanga ezindana?

- ★ Kutheni?

Abafundi benza imilinganiselo yezinto eziseklasini ngezinti.



4. **Ukubethelela kwimilinganiselo – ubude:** Xoxani ngezinto ezilinganiswe ngabafundi besebenzisa izinti.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Yintoni eniyifumene eklasini ende/emfutshane?
- ★ Yekabani eyona inde/eyona imfutshane?
- ★ Yintoni engaphandle eklasini enicinga ukuba inde/imfutshane?

Beka imicu yamakhadibhodi embindini wemethi. Bonisa abafundi imicu ibe mibini.

- ★ Ngowuphi omde/omfutshane kule micu mibini?

Phinda ngokusebenzisa eminye imicu emibini.

Abafundi bathatha umcu omnye embindini wemethi. Beka phantsi umcu ube mnye uwusebenzise njengesikhokelo.

- ★ Singenza ntoni ukuba sifuna ukuhlela imicu yethu ngokobude ukusuka kowona mfutshane ukuya kowona mde?

- ★ Singayidwelisa njani?

Dwelisa imicu ngakwiteyiphu okanye emgceci owenziwe ngetshokhwe. Abafundi bayatshintshana ngokubeka imicu yabo ukusuka kowona mfutshane ukuya kowona mde. Khumbuza abafundi ukuba kutheni kubalulekile ukulungelelanisa iincam zemicu namazantsi eteyiphu/emigca yetshokhwe xa kulinganiselwa. Bathekelela ukuba imicu yabo iza kuma phi na, baze bancedisane ukuba ngaba umcu kufuneka ususiwe.

- ★ Ucinga ntoni ngendawo u_____ awubeke kuyo umcu wakhe?
- ★ Singawususa umcu ka_____? Kutheni?

5. **Itshathi yobude:** Linganisela iqela elilandelayo uze ufake imilinganiselo yabo kwitshathi yobude.

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.



INGCEBISO

Sebenzisa imibuzo ukukhokela abafundi ukuba basombulule iingxaki ezimalunga nokubeka ngendlela imicu.

Day 4

What you need

- Song: *Long and short* (page 204)
- 7 worm pictures
- 7 different lengths of rope
- String and names for one group of learners

1. **Song:** Sing the song, *Long and short* with pictures.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:**

Learners sit in a circle, while you stand holding five pieces of rope. Learners estimate how many you are holding. Count these together.

Guiding questions:

- ★ How many more pieces of rope do we need to have seven pieces?

Add two more and count again.

4. **Exploring length:** Discuss the pieces of rope you are holding.

Guiding questions:

- ★ How many of these pieces of rope are touching the floor?
- ★ Why don't they all touch the floor?
- ★ How can we find out which is the shortest/longest piece of rope?

Draw a line on the floor and ask learners to guide you in arranging the pieces of rope from longest to shortest. Remove five pieces of rope.

5. **Height chart:** Measure the next group of learners and add their measurements to the height chart.
6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.



Day 5

What you need

- Song: *Long and short* (page 204)
- 7 worm pictures
- String and names for the last group of learners
- Term 1 height chart
- Birthday chart

1. **Song:** Sing the song, *Long and short* with pictures.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Clap any number of times between 1 and 7. As you clap, learners count and say how many claps there are.

Usuku 4

Okudingayo

- Ingoma: *Ende nemfutshane* (iphepha 205)
- 7 imifanekiso yemisundululu
- 7 iintambo ezinobude obungalinganiyo
- Umsonto namagama eqela elinye labafundi

1. **Ingoma:** Culani ingoma ethi, *Ende nemfutshane* nemifanekiso.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.

3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa, ngeli lixa wena umileyo uphethe izijungqe ezintlanu zentambo. Abafundi bathekelela ukuba uphethe ezingaphi. Zibaleni ninonke.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi izijungqe zentambo esizidingayo ukuze sibe nezijungqe ezisixhenxe?

Yongeza zibe mbini uze ubale kwakhona.



4. **Ukuhlola ubude:** Xoxani ngezijungqe zentambo oziphetheyo.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Zingaphi kwezi zijungqe oziphetheyo ezifika phantsi?
- ★ Kutheni zingafiki zonke phantsi?
- ★ Singafumanisa njani ukuba sesiphi isijungqe sentambo esisesona sifutshane/side?

Krwela umgca phantsi uze ucele abafundi bakukhokele ngokuhlela izijungqe zentambo ukusuka kwesona side ukuya kwesona sifutshane. Susa izijungqe zentambo ezintlanu.

5. **Itshathi yobude:** Linganisela iqela elilandelayo uze ufake imilinganiselo yabo kwitshathi yobude.
6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 5

Okudingayo

- Ingoma: *Ende nemfutshane* (iphepha 205)
- 7 imifanekiso yemisundululu
- Umsonto namagama eqela lokugqibela labafundi
- Itshathi yobude yeKota 1
- Itshathi yeentsuku zokuzalwa

1. **Ingoma:** Culani ingoma ethi, *Ende nemfutshane* nemifanekiso.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Qhwabani nakangaphi na phakathi kuka1 no7. Njengokuba niqhwaba nje, abafundi bayabala baze batsho ukuba kuqhwatywe kangaphi.

4. **Height chart:** Measure the last group of learners and add their measurements to the height chart. Discuss the Term 2 height chart.

Guiding questions:

- ★ Who is taller/shorter than you?
- ★ How do you know?
- ★ Are there any learners that are the same height as each other?

Compare Term 1 and 2 height charts.

- ★ Has anything changed since Term 1?
- ★ Who is taller this term than they were last term?

Look at the birthday chart and count together how many months have passed since you did the Term 1 height chart.

- ★ Do you think the height chart will look different if we do it again at the end of the year, in the last month?
- ★ Why?

5. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Integration

Home Language and Life Skills: Outdoor activities can include measuring long and short breaths before and after running, and measuring long and short shadows at different times of the day. When reading stories to the learners, point out words that are long (have a lot of letters in them) and words that are short (have only one or two letters in them).

Small group activities

Teacher-guided activity

What you need

- 7 toilet roll tubes
- 1 small chair per learner
- Unifix blocks (*Resource Kit*)
- Different lengths of string and paper, sticks (*Resource Kit*)

1. **Practising length; sorting objects:** Place string, paper and sticks in a pile on the mat. Learners sort these into two groups: long and short.

Guiding questions:

- ★ How did you decide what to put into each group?

2. **Practising length; comparing objects:** Place a toilet roll tube lengthways on the mat.



4. **Itshathi yobude:** Linganisela iqela elilandelayo uze ufake imilinganiselo yabo kwitshathi yobude. Xoxani ngetshathi yobude yeKota 2.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ngubani omde/omfutshane kunawe?
- ★ Wazi njani?
- ★ Ingaba bakhona abafundi abalinganayo ngobude?

Thelekisa itshathi zobude zeKota 1 nezeKota 2.

- ★ Ingaba ikhona into etshintshileyo ukususela kwiKota 1?
- ★ Ngubani omde kunakwikota edlulileyo kule kota?

Jongani kwitshathi yeentsuku zokuzalwa nize nibale ukuba zingaphi iinyanga ezigqithileyo emva kokuba nenze itshathi yobude yeKota 1.

- ★ Ucinga ukuba itshathi yobude iza kwahluka ukuba siyayenza kwakhona ekupheleni konyaka, kwinyanga yokugqibela?
- ★ Kuba?

5. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi yesitishi sokusebenzela ngasinye.

Udityaniso

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi: Imisebenzi eyenzelwa phandle ingaquka ukulinganisa ukuphefumla okude (okutsalayo) nokufutshane (okuquphayo) ngaphambi nasemva kokubaleka, nokulinganisa ubude nobufutshane bezithunzi ngamaxesha ohlukileyo osuku. Xa ufundela abafundi amabali, khomba amagama amade (anoonobumba abaninzi kuwo) namagama amafutshane (anonobumba omnye okanye ababini kuwo).

Imisebenzi yamaqela amancinci

Umsebenzi okhokelwa ngutitshala

Okudingayo

- 7 iityhubhu zeroli yephepha lendlu yangasese
- 1 isitulo esincinci kumfundi ngamnye
- Iibhloko zeUnifix (iKiti yeziXhobo)
- Ubude obahlukileyo bomsondo nephepha, izinti (iKiti yeziXhobo)

1. **Ukuziqhelisa ubude; ukuhlela izinto:** Beka umsondo, iphepha nezinti kwimfumba esemethini. Abafundi bayazihlela ezi zinto zibe ngamaqela amabini: ezinde nezimfutshane.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ufikelele njani kwisigqibo sokuba ubeke yiphi kweli phi iqela?

2. **Ukuziqhelisa ubude; ukuthelekisa izinto:** Beka ityhubhu yeroli yephepha lendlu yangasese ngokobude emethini.



Guiding questions:

- ★ Can you find anything in the classroom that is longer/shorter than this?

Learners each fetch two things, and take turns to explain what they have found and why they are longer/shorter than the toilet roll tube.

3. **Counting objects 1–7; measuring chairs:** Place seven toilet roll tubes in a line lengthways touching one another.

Guiding questions:

- ★ How many toilet roll tubes do you think there are?

Count the toilet roll tubes together.

- ★ Can you see anything in the classroom that you think is the same length as these seven toilet roll tubes lined up together?
- ★ How can we use one toilet roll tube to measure the height of your chair?

Learners explore this.

- ★ Where could we start measuring?

Discuss and guide them in marking where they start and end. Together count how many toilet roll tubes were needed to measure the height of the chair.

- ★ How many toilet roll tubes do you think we will need to measure the length of the seat of the chair?
- ★ Do you think we will need more or fewer toilet roll tubes to measure the seat?
- ★ What else could we use to measure different parts of your chairs?

Learners find something in the classroom that they would like to use to measure with. They explore measuring different parts of the chair using the objects they found, paper and string lengths.



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ingaba ikhona into onokuyifumana eklasini ende kunale/ emfutshane kunale?

Umfundi ngamnye uthatha izinto zibe mbini, baze batshintshane ngokucacisa ukuba bafumene ntoni nokuba kutheni zinde/ zimfutshane kunetyhubu yephepha lendlu yangasese.

3. **Ukubala izinto 1–7; ukulinganisa izitulo:** Beka iityhubhu zephepha lendlu yangasese zibe sixhenxe emgceni ngokobude zisondelelane.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ucinga ukuba zingaphi iityhubhu zephepha lendlu yangasese ezikhoyo? Balani iityhubhu zephepha lendlu yangasese.
- ★ Ingaba ikho into oyibonayo eklasini ocinga ukuba iyalingana neetyhubhu zephepha lendlu yangasese ezibekwe ndawonye?
- ★ Singayisebenzisa njani ityhubhu yephepha lendlu yangasese ukuze senze umlinganiselo wobude besitulo sakho?

Abafundi bayakuqwalasela oku.

- ★ Singaqala phi ukwenza umlinganiselo?

Xoxani uze ubakhokele ukwenza uphawu kwindawo abaqala nabaphela kuyo. Ninonke balani ukuba zingaphi na iityhubhu zephepha lendlu yangasese eziye zafuneka ukuze kwenziwe umlinganiselo wesitulo.

- ★ Ucinga ukuba zingaphi iityhubhu zephepha lendlu yangasese eziza kufuneka xa kusenziwa umlinganiselo wobude besitulo?
- ★ Ucinga ukuba siza kudinga iityhubhu ezininzi okanye ezimbalwa ukwenza umlinganiselo wesitulo?
- ★ Yeyiphi enye into esinokuyisebenzisa ukwenza imilinganiselo yeendawo ezahlukileyo zesitulo?

Abafundi bafumana kwanto abanokuyisebenzisa eklasini ukwenza imilinganiselo. Bahlola iinxenye ezahlukileyo zesitulo ngokusebenzisa izinto abazifumeneyo, ubude bephepha nobomsonto.



4. **Reinforcing length; Unifix blocks:** Show learners a length of five Unifix blocks joined together. They choose string and pieces of paper that are longer than the blocks. Repeat with lengths of up to seven Unifix blocks.



Guiding questions:

- ★ How do you know that this is longer than the blocks?
- ★ Can you find something that is shorter/the same length?

Learners create their own lengths using the blocks and arrange these from shortest to longest.



TIP

Use appropriate non-standard units to measure objects, for example, small blocks to measure books, plastic sticks to measure the seat of the chair and longer objects or pieces of string to measure the top of the desk.



Check that learners are able to:


- compare and order objects according to length – long and short
- show an understanding of long and short; tall and short

Workstation 1

What you need

- 10 strips of paper per learner
- Sheet of paper
- Glue
- Kokis
- 1 medium-length cardboard strip placed in the middle of the table

Learners measure paper strips against the cardboard strip. They paste strips onto the 'long' or the 'short' side of the page. They use kokis to turn the strips into anything they like.



4. **Ukubethelela kubude; iibhloko zeUnifix:** Bonisa abafundi ubude beebhloko zeUnifix ezidityanisiweyo. Bakhetha umkonto neziqwenga zamaphepha amade kuneebhloko. Kuphinde oku usebenzisa ubude obuizibhloko zeUnifix ezisixhenxe.



Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Wazi njani ukuba le inde kuneebhloko?
 - ★ Ungayifumana into emfutshanana kunayo/elingana nayo ngobude?
- Abafundi benza obabo ubude besebenzisa iibhloko baze bazihlele ukusuka kweyona imfutshane ukuya kweyona inde.

INGCEBISO

Sebenzisa iiyunithi ezifanelekileyo ezingekho sikweni ukulinganisa izinto, umzekelo, iibhloko ezincinci ukulinganisa iincwadi, izinti zeplastiki zokulinganisa le ndawo kuhlalwa kuyo esitulweni nezinto ezinde kunezinye okanye imisonto yokulinganisa umphezulu wedesika.



Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-:


- thelekisa nokulandelelanisa izinto ngokobude – ende nemfutshane
- bonakalisa ukuyiqonda ingqikelelo kade nofutshane; ende nemfutshane

Isitishi sokusebenzela 1

Okudingayo

- 10 imicu yamaphepha kumfundi ngamnye
- Uxwebhu lwephepha
- Iglu
- Iikhoki
- 1 umcu wekhadibhodi ophakathi ngobude ubekwe embindini wetafile

Abafundi balinganisa imicu yamaphepha nomcu wekhadibhodi. Bancamathelisa imicu kwicala lika 'de' okanye 'futshane' lephepha. Basebenzisa iikhoki ukuze benze le micu ibe yiyo nantoni na abayifunayo.



Workstation 2

What you need

- Template of different length worms – 1 page per learner
- Scissors
- Crayons

Learners decorate and cut out the worms.




Workstation 3

What you need

- Wooden blocks
- Lengths of string

Learners build long and short trains/trucks/roads in the block area. They use lengths of string to measure these.



Workstation 4

What you need

- Playdough
- A4 page per learner with 5 lines of different lengths
- Sticks (*Resource Kit*)

Learners make lengths of playdough that match each of the lines on the template. They decorate these using sticks to make patterns.




Isitishi sokusebenzela 2

Okudingayo

- Ithempleyithi yemisundululu engalinganiyo ngobude – 1 iphepha kumfundi ngamnye
- Isikere
- Iikhrayoni

Abafundi bayayihombisa imisundululu yabo baze bayisike.




Isitishi sokusebenzela 3

Okudingayo

- libhloko zamaplanga
- Ubude bomsonoto

Abafundi bakha oololiwe/iitraka/iindlela ezinde nezimfutshane ngaphakathi kwibhloko. Basebenzisa ubude bemisonoto ukuze bazilinganise oku.



Isitishi sokusebenzela 4

Okudingayo

- Intlama yokudlala
- Iphepha elinguA4 kumfundi ngamnye elinemigca emi5 engalinganiyo ngobude
- Izinti (*iKiti yeziXhobo*)

Abafundi benza ubude bentlama yokudlala obuhambelana nomgca ngamnye okhoyo kwithempleyithi. Bakuhombisa oku besebenzisa izinti ukwenza ipateni.



Content Area Focus: Numbers, Operations and Relationships

Topics

- Describe, compare and order numbers
- Addition and subtraction (oral)
- Problem solving

New knowledge

- Breaking down and building up numbers
- Problem-solving techniques
- Addition and subtraction using concrete objects
- Numbers in familiar settings

Practise

- Oral counting 1–20 and 7–1
- Counting objects 1–7
- Number concept 1–5
- Sequencing numbers 1–5
- More than, fewer than
- What number comes before, after?
- Shapes: circle, square, triangle

New maths vocabulary

add

take away

Getting ready

For the activities this week, you will need to prepare the following:

- 7 plastic cups and 7 plastic saucers (from fantasy area)
- small boxes/containers numbered 1, 2, 3, 4, 5
- 2 plates
- 7 Unifix blocks
- 7 Duplo blocks
- 5 chairs
- 5 A4 sheets with animal frieze phone numbers for houses 1–5: Elephant: 53 412, Zebras: 43 215, Meerkats: 33 212, Giraffes: 41 224, Monkeys: 21 543
- learners' phone numbers on individual sheets
- a different shape-tracing page for each learner in a group
- 1 set of dot cards 1–5 per learner
- 1 set of number symbol cards 1–5 per learner
- 10 boxes/cups each with a variety of small objects up to 5. Cut the toe-end off a stocking and put the stocking over the open end of each box/cup. The objects inside should not be visible. (see Workstation 3)
- 1 set of matching number and picture cards 1–5 per learner (similar to Week 5)
- ask learners to find out their address and phone number.



INkalo yomXholo ekuGxininiswa kuyo: Amanani, iiOpareyshini noLwalamano

Izihloko	Ulwazi olutsha	Ziqhelise
<ul style="list-style-type: none"> • Chaza, uthelekise uze ulandelelanise amanani • Ukudibanisa nokuthabatha (ngomlomo) • Ukusombulula iingxaki 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukwakha nokuqhekeza amanani • Iindlela zokusombulula iingxaki • Ukudibanisa nokuthabatha usebenzisa izinto eziphathekayo • Amanani kwiimeko zesiqhelo 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukubala ngomlomo 1–20 no7–1 • Ukubala izinto 1–7 • Ingqikelelo-manani 1–5 • Ukulandelelanisa amanani 1–5 • Ngaphezulu kune-, mbalwa kune- • Leliphi inani eliza ngaphambili, ngasemva? • Ilimilo: isangqa, isikwere, unxantathu

Isigama esitsha semathematika

dibanisa

thabatha

Ukulungela

Kwimisebenzi yale veki, kuza kufuneka ulungise oku kulandelayo:

- 7 iikomityi zeplastiki kunye neesosi ezi7 (indawo yemidlalo yengcinga)
- iibhokisi/izikhongozeli ezincinci ezinamanani 1, 2, 3, 4, 5
- 2 iipleyiti
- 7 iibhloko zeUnifix
- 7 iibhloko zeDuplo
- 5 izitulo
- 5 amaphepha anguA4 anemizobo yezilwanyana eziziinombolo zomnxeba wezindlu 1–5: Indlovu: 53 412, Amaqwarhashe: 43 215, Amagala: 33 212, lindlulamthi: 41 224, linkawu: 21 543
- iinombolo zomnxeba zabafundi ezibhalwe kwiphepha ngalinye
- iphepha elahlukileyo lokukhuphelela imilo kumfundi ngamnye kwiqela
- 1 isethi yamakhadi anamachokoza 1–5 kumfundi ngamnye
- 1 isethi yamakhadi aneesimboli zamanani 1–5 kumfundi ngamnye
- 10 iibhokisi/iikomityi inye ibe neendidi zezinto ezincinci eziya ku5. Sika indawo yeminye yekawusi uyibeke kweli cala livulekileyo lebhokisi/lekomityi. Izinto ezingaphakathi akufunekanga zibonakale. (jonga Isitishi sokusebenzela 3)
- 1 isethi yamakhadi amanani afanayo nawemifanekiso 1–5 kumfundi ngamnye (bufana neVeki 5)
- cela abafundi ukuba bafumane idilesi neenombolo zabo zomnxeba.



Whole class activities

Day 1

What you need

- Song: *Long and short* (page 204)
- 7 plastic cups and 7 plastic saucers (fantasy area)
- A variety of counters from the *Resource Kit*
- Dot cards 1–5
- Small boxes/containers numbered 1, 2, 3, 4, 5

1. **Song:** Sing the song, *Long and short*.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place seven cups and seven saucers on a box in the middle of the circle.

Guiding questions:

- ★ How many cups and saucers do you think there are in these two groups?
- ★ Do you think there are the same number in each group?

Together count the cups and saucers, discuss learners' estimations and match the cups to the saucers.



TIP

Make sure all learners are able to see the cups and saucers.



4. **Practising numbers 1–5:** Show learners the dot cards quickly without holding them up for a long time. Learners say how many dots are on each card. Show a dot card with an instruction linked to the number of dots on the card, for example: 'Find two friends wearing shoes.' 'Clap your hands three times.' Learners take turns to think of action instructions linked to the number of dots.
5. **Ordering numbers 1–5; more than, fewer than, equal to:** Place the dot cards face down. Learners take turns to pick up two cards. If the cards match, they keep them and if not they put the cards back. When learners find a matching pair they put them in the appropriate box.

Imisebenzi yeklasi yonke

Usuku 1

Okudingayo

- Ingoma: *Ende nemfutshane* (iphepha 205)
- 7 iikomityi zeplastiki kunye neesosini ezi-7 (umdlalo woonopopi)
- Iindidi zezixhobo zokubala ezithathwe *kwiKiti yeziXhobo*
- Amakhadi anamachokoza 1–5
- Iibhokisi/izikhongozeli ezincinci ezinamanani 1, 2, 3, 4, 5

1. **Ingoma:** Culani ingoma ethi, *Ende nemfutshane*.
2. **Ukubala ngomlomo:** 1–20 no7–1.
3. **Ukubala izinto 1–7:** Abafundi bahlala kwisangqa. Beka iikomityi ezisixhenxe kunye neesosini ezisixhenxe phezu kwebhokisi esembindini wesangqa.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Ucinga ukuba zingaphi iikomityi neesosini ezikhoyo kula maqela mabini?
 - ★ Ingaba ucinga ukuba kukho inani elilinganayo kwiqela ngalinye?
- Ninonke balani iikomityi neesosini, xoxani ngothekelelo lwabafundi nize nitshatise iikomityi neesosini.



INGCEBISO

Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayazibona iikomityi neesosini.



4. **Ukuziqhelisa amanani 1–5:** Bonisa abafundi amakhadi anamachokoza ngokukhawuleza ungawaphakamisi ixesha elide. Abafundi bayachaza ukuba mangaphi amachokoza akhoyo kwikhadi ngalinye. Babonise ikhadi elinamachokoza elinomyalelo ohambelana nenani lamachokoza akhoyo ekhadini, umzekelo: 'Fumana abahlobo ababini abanxibe izihlangu.' 'Qhwaba izandla zakho kathathu.' Abafundi bayatshintshana ngokucinga ukuba ngowuphi umyalelo ohamba nentshukumo ohambelana namachokoza.
5. **Ukulandelelanisa amanani 1–5, ngaphezulu, mbalwa, lingana ne-:** Beka amakhadi anamachokoza aqubude. Abafundi bayatshintshana ngokuphakamisa amakhadi amabini. Ukuba amakhadi ayahambelana, bayawagcina baze bawabuyisele ukuba awahambelani. Xa abafundi befumana isibini esihambelanayo, bawafaka kwibhokisi efanelekileyo.

Guiding questions:

- ★ How many dots are on _____'s cards?
- ★ Are the cards the same?
- ★ Which card has more dots?
- ★ Which card has fewer dots?
- ★ What would we need to do to make both cards have the same number of dots?

6. **Small group activities:** Describe the activities at each workstation.

Day 2**What you need**

- 2 plates with 7 Unifix blocks on one and 7 Duplo blocks on another
- 5 chairs

1. **Song/rhyme:** Learners choose a song or rhyme from Term 1 or 2 to sing or say.
2. **Oral counting:** 1–20 and 7–1.
3. **Counting objects 1–7:** Learners sit in a circle. Place two plates on a box in the middle of the circle, one with seven Unifix blocks, and one with seven Duplo blocks. Learners estimate the number of blocks on each plate.

**TIP**

Make sure all learners are able to see the blocks on the plates.

**Guiding questions:**

- ★ Do you think there are more/fewer blocks on this plate?
 - ★ How can we tell if they have the same number of blocks?
- Count the blocks on each plate and discuss learners' estimations.

4. **Adding using objects:** Two learners stand.

Guiding questions:

- ★ How many learners are standing?
- ★ If we add one more learner, how many will there be?

One more learner stands. Together count the learners who are standing. Continue adding one learner at a time, until there are five, counting them together each time you add one. Repeat the activity using chairs. A learner fetches two chairs.

Imibuzo ekhokelayo:

- ★ Mangaphi amachokoza akwikhadi lika_____?
- ★ Ingaba amakhadi ayafana?
- ★ Leliphi ikhadi elinamachokoza amaninzi?
- ★ Leliphi ikhadi elinamachokoza ambalwa?
- ★ Siza kudinga ntoni ukuze senze omabini amakhadi abe namachokoza alinganayo?

6. **Imisebenzi yamaqela amancinci:** Chaza imisebenzi kwisitishi sokusebenzela ngasinye.

Usuku 2**Okudingayo**

- 2 iipleyiti ezineebhloko zeUnifix
